The pre-readings that were sent in preparation for the seminar played a huge role in changing my mindset on how I approach reading. It was said in the pre-reading that we read an essay not to summarise its arguments or findings or to remember the whole thing or to understand it. We read to search for an idea or concept, image, mood, or emotion, a political or aesthetic or musical kind of position or attitude, or a sentence. During the process of reading as a reader I could look for a mini-narrative or even a word that I find interesting or instructive.

At first, when I read, I used to stress about the meaning, and I would end up spending so much time rereading the same reading. The ideas that I got about reading from the “*Poetics of The Wor(l)ds We Live*” seminar I applied them to the Tuesday reading groups in improving my engagement at the reading sessions.

From the “*Poetics of The Wor(l)ds We Live*” essays a reading by Dihn titled, “*What I Usually Say to My Students*” changed my mind set about writing drastically. Dihn (2010:252) states that “Don’t be afraid to be as weird — meaning as PERCULIARLY YOU — as possible. Try to say it all. Be shameless. Don’t hesitate to revisit a piece to follow and capture everything that it really wants to say”. As a writer at first I held back a lot because generally I am a person that does not like opening up and that impacted my writing. But through reading I realised that the key to meeting the breath of the readers is honesty so that they may relate and feel something in my writing.

A book titled “*LAST WORDS FROM MONTMATRE*” written by Qiu Miaojin also contributed in my journey of learning about vulnerability. Qiu Miaojin is not scared to express his emotions and tell the readers how much heartache Xu put him through. For example, in letter fourteen of the book Miaojin writes that “Before a month had passed she rushed to Paris...To save our relationship...Ten days after leaving she was sleeping in someone else’s bed... Yes, I died true death...Crazy screaming uncontrollably, striking the glass and the metal frame” (pg. 99).

A documentary that I watched titled, “*ICEBERG SLIM PORTRAIT OF A PIMP*” the narrational voice of Iceberg Slim states that in his book titled “*PIMP: the story of my life*” he has laid bare his life, experiences, and thoughts as a pimp. Dr Todd Boyd who is a professor of Critical Studies at USC mentions that Slim wrote about the life he was living. Bill Duke, who is an actor also talks about how Slim was so eloquent in the book in describing where he came from. For example, in chapter 2 of the book Dr. Justin Goffie who is a professor of English at the University of Nevada states that “In the opening of the book the way that he describes his initial foray in the world of pimping is through being sexually abused by his babysitter Maude.”

Iceberg Slim’s documentary made it more evident to me as a writer that writing from self is a great recipe. In the documentary one lady even commented saying that he always told Slim that he is his God because of how much he loves his work. I strongly believe that the love that

Slim received was caused by the honesty he brought in his writing. Slim's book met the breath of the readers. The readers were moved, and they related to his writing. In chapter 9 of the documentary, ICE-T who is an American rapper mentions that Slim did not write about the game of pimping but rather wrote about the pain of pimping. Writing about pain is something that requires emotion and I also think that it is that emotion that made readers to be drawn to Iceberg Slim's writing.

## **2.9 The political is personal seminar**

*"The political is personal – writing between the spaces"* seminar taught me about the importance of writing that touches emotions and draws from one's experiences. The seminar also introduced me to a type of poetry called zuihitsu that I did not know about. Zuihitsu poem includes three of the following elements: a memory, a song, a quote, a direct translation from another language, or a description of a piece of visual art. Its form is essay-like. Writing a zuihitsu poem for the first time under the political is personal seminar was quite exciting and fun. I love how the writing process of zuihitsu poems allowed my writing to draw from various sources. Through zuihitsu poems my writing was able to be shaped by my memories, the music that I listen to and some of the remarkable quotes I know. And most importantly as a bilingual writer zuihitsu poems brought growth to my writing by enabling me to include isiXhosa in my English writing that I can do a direct translation of into English.

Although zuihitsu poems are foreign both to English and isiXhosa I have discovered that they are easy to compose both in English and isiXhosa because of the elements they contain that I can find both in English and in isiXhosa.

## **2.10 Less is more seminar**

Through this seminar I learnt that *"less is more"* does not only mean writing poetry with few words but also a poem that has 40-50 lines could still be an example of writing using less words if the poem is straight to the point. A poem should be always like an injection not a pill and I should avoid clutter in my writing.

## 2.11 Week 20- No seminar

Adeyeye's poem titled "*Moonmoth*" from "*THE YOLO PAGES*" book introduced me to a different structure for writing poetry. Adeyeye's poem is structured into various sections that are more like diary entries that keeps track of what happened at a particular year and month, "December 2028...December 2023..." (pg. 13). "*THE YOLO PAGES*" book also taught me a creative style of writing of making use of big fonts when writing. For example, Shipton's poem is written with big fonts: "**HANDS WHIPPING THROUGH EMPTY AIR**" (pg. 171). As a writer I found this writing style as attention grabbing to the readers than a normal plain text. I believe that readers are more likely to be drawn in reading a text written with big fonts. In my writing I have adopted this creative writing style of using bold fonts for writing titles in my thesis.

Also, in the "*THE YOLO PAGES*" book the way Ganas writes his untitled poem using closely packed words with no spaces in between is something that I found interesting and unique. However, I feel like it can make the readers' reading process a bit complicated. Ganas wrote his poem in the following way: "WATCHMESLEEPANDBREATHEPOISON..." (pg.61). As I was reading the poem, I had difficulties in making up what he wrote. I thought of my readers maybe they might experience some difficulties in reading it hence I did not adopt it in my writing, but I love the uniqueness. Maybe in my future writing I might try it as a way of exploring different styles of writing.

From the "*THE YOLO PAGES*" book also Gamalinda's poem that is titled "*PHONE CALL TO MOM*" it is written in a way that I have never seen. It is a telephone conversation between a mother and her child. I have read poems that are conversational but what makes this poem different is that it shows only the child's side of the conversation. The reader must fill in the blanks of what the mother is saying on the other side:

"it's  
its yeah mom  
it's like  
yeah mom".

## 2.12 Prose poetry seminar

Using a caesura when I want to signal an absence of something is something that I learnt from the seminar. Layli Long Soldier in a book titled "*Whereas*" edited by Jane Manson in a poem titled "*Edge*" makes use of it:

“...meaning. Large car steady at the curve...” (p48).

My writing throughout the course has been influenced by books that I would be reading during the process of my writing. The writing style that I learnt from a seminar that I had with Marike Beyers titled "*Poems from Poems*" is what has been guiding my writing journey. When I read poems by other writers, certain words or phrases serve as a source of inspiration in writing about a certain idea.

### 3. Irekhodi ngamava okufunda kwam

#### 3.1 Ukubhala gabalala

Umbongo kaNontsizi Mgqwetho onesihloko esithi *“Umpanga kamama”* (p.p 42) okwincwadi enesihloko esithi *“The Nation’s Bounty: The Xhosa Poetry of Nontsizi Mgqwetho”* onefuthe lobukholwa undifundise ubuchule bokubhala ngendlela emema nabo bangakholwayo kuThixo. Umbhali ubenobuciko bokumbalula uThixo kwimiqolo embalwa ze wagqitha ethelekisa uthando lukaThixo nolukamama akagxila ekubhaleni ngoThixo:

“UTixo uluthando

Kodwa oluka Mama ebantwini”.

Umbongo ka A.K Soga onesihloko esithi *“Ntsikana’s vision”* okwincwadi enesihloko esithi *“The Return of the Amasi Bird: Black South African Poetry 1891-1981”* ehlelwe nguTim Couzens kunye noEssop Patel ngumbongo othe wandikhuthaza ekubeni nam njengombhali oyimboni ndibhale ngoko ndithi ndikuthyilelwe ngelizwe. Kwithesisi yam ndithe ndabhala umbongo onesihloko esithi **“IINGCINGA ZINXIBA UKUBHIDEKA”** ongombono endabanawa ngabantu abaNtsundu:

“ndingqengqe nobuthongo

bundolathisa abamnyama  
bacukene baziimbovane...”.

Umbongo kaModibe Dikobe onesihloko esithi *“Asseblief Baas”* okwakwincwadi endiyikhankanye ngentla enesihloko esithi *“The Return of the Amasi Bird: Black South African Poetry 1891-1981”* yenye yeencwadi endazise kubugcisa bokubhala ngeelwimi ezimbini embongweni omnye. Njengombhali weelwimi ezimbini (isiXhosa kunye nesiNgesi) ndithe ndabuzama ubugcisa bokubhala ngeelwiimi ezimbini kweminye yemibongo endithe ndayibandakanya kwithesisi. Umzekelo, umbongo onesihloko esithi **“KUBUHLUNGU”**:

“...too frightened to say: *kubuhlungu*”.

Umbongo wombhali onguVangile Ngatsho onesihloko esithi *“schizophrenia some definitions”* okwincwadi enesihloko esithi *“red cotton”* nombongo wombhali onguChwayita Ngamlana onesihloko esithi *“If I Stay Right Here”* okwincwadi enesihloko esithi “Excerpts from the

prologue of *If I Stay Right Here: a novel*” zithe zandibonisa elinye icala lobuciko lokubhala umbongo unika inkcazelo yento ngohlobo elinobugcisa. Kwithesisi yam ndithe ndasithabatha isimbo sabo sokubhala ndasisebenzisa kwimibongo emibini. Omnye wemibongo unesihloko esithi **“UKUBHALA”**:

“Libele lemazi yenkomo  
Ngezandla zozibini  
Ndicudisa iingcinga”.

Umbongo kaTariro Ndoro onesihloko esithi *“Ave”* (p.p 19) okwi *“New Coin December 2020”* nangona ungowesiNgesi kodwa ndifunde inkululeko endinayo njengombhali yokwenza nantoni na koko ndikubhalayo ukuba kuza kuthi kusebenze. Umzekelo, ndibuthandle ubugcisa bombhali bokutshintsha umthandazo wenkosi onguBawo wethu osemazulwini ubengumbongo. Kweminye imigca ubenobuciko bokufakelela awakhe amagama:

“our father, who art in heaven, a friend is gone...hear my heartbeat whisper...give us this day our daily breath”.

Oku kwenziwe ngumbhali kumbongo wakhe ndithe ndakuzama nam kwithesisi yam kumbongo onesihloko esithi **“LUSANA”** :

“ndimumathe amazwi  
aphinyiselwa ngumphefulo:  
Bawo wam osemazulwini  
ndixolele izono zam...”.

Nokumila kwawo lo mbongo wohlukile, utsala umdla. Kwimiqolo apho athetha ngenkumbulo angafuni ukuyikhumbula yokufa komntu umbongo uthe wawumilisa okwezitepusi ezihlayo. Oko kundinike iingcinga zokuba umbhali untama ubomi. Ebomini siqala phezulu “kwezitepusi” siye sehlela ezantsi apho siyakhona kuphantsi komhlaba “isitephu” sokugqibela.Uhlobo umbhali athe wabhala ngalo kundibonisile okokuba ukumila kombongo kunendima enkulu kuhlobo umfundi athi awuqonde ngayo umbongo wakho:

*“ a stolen car  
forsaken sand mine  
&  
no one ought to die that way  
(forsaken)  
our father, in the last moment  
did you stand with her?”.*

Incwadi yombhali onguChuma Sogiba enesihloko esithi “*NDIDE NDAYOPHULA*” isimbo sombhali sokubhala imibongo ebalekayo engenazo iziphumlisi nto leyo ebangela ifundeke lula ngesantya esiphezulu luhlobo endithe ndaluthabatha nam ndalusebenzisa kweyam imibongo ekwithesisi.

Ukusetyenziswa kweempawu zokucaphula ukubonisa iingcinga zangaphakathi zombhali bendikuphelele kumabali amafutshane. Umzekelo incwadi yesiNgesi enengqokelela yamabali amafutshane enesihloko esithi “*Fixions: Stories by Ugandan writer*” ebhalwe nguTaban la Liyong ibali elifutshane elinesihloko esithi “*Sages and Wages*” (p.p 14-15) yenye yeencwadi endithe ndazifunda zandibonisa ubugcisa bokusebenzisa iimpawu zocaphulo ukubonisa iingcinga zangaphakathi:

*“As I always do, at this time of the day...I feel that I must really do it without fail...”.*

Nangona le ncwadi ndiyicaphule ngentla iyeyesiNgesi kunye nezinye iincwadi zesiNgesi endithe ndazicaphula kule potifoliyo yam yesiXhosa kodwa ndiqaphele okokuba ifomu yokubhala ndinako ukuyifunda nakwezinye iincwadi zesiNgesi.

Incwadi enesihloko esithi “*IZAPHOLO*” yenye yeencwadi zesiXhosa zekhosi ezithe zandazisa kubugcisa bokubhala ndisebenzisa iimpawu zocaphulo ukubonakalisa iingcinga zangaphakathi. Umzekelo umbongo onesihloko esithi, “*Indoda eyaphathwa lixhala*” (p.p 26) kwisitanza sokugqibela kwimigca emibini yokuqala “*kungcono ndiye kubaxelela ekhaya*” umbhali uthe wasebenzisa iimpawu zokucaphula ukubonisa iingcinga zakhe zangaphakathi. Olu hlobo lokubhala ndithe ndalusebenzisa kweminye yemibongo endithe ndayibandakanya kwithesisi, umzekelo umbongo onesihloko esithi “**NDILIJONI**”:

*“intliziyo iyagqukruleka  
'abafani nawe' ”.*

### 3.2 Isemina: Izinto ezingenamagama ziduka nomoya (ukubhodla Isingqala)

Phantsi kwale semina utitshalakazi onguMthunzikazi Mbungwana usixhobisile njengababhali ngokubaluleka kokusebenzisa amagama alula aqhelekileyo angadingi umfundi abe efunisela ngentsingiselo. Umbungwana ukubalulile nokubaluleka bokokuba xa ndingumbhali kudingeka kuvakale xa ndibhala okokuba andithethi ngento ekude kum ndithetha ngento endikuyo nam. Kunyanzelekile ndizibandakanye kumbongo endithi ndiwubhale ndiphalaze yonke imbilini yam ndingashiyi nto ngaphandle kumfundi ukuze kuvele ukunyaniseka.

### 3.3 Ingxelo ngemisebenzi yobugcisa

lingxelo esibanazo rhoqo ngoLwezihlano zomsebenzi wobugcisa esithi siwubhale zindifundisile okokuba njengombhali kulindeleke ndingqale ngqo koko ndinqwenela ukutsho ndisebenzisa amagama aquphayo. Kwincwadi yombhali onguMangaliso Buzani enesihloko esithi “*ndisabhala imibongo*” ndifunde ubugcisa boko kuqupha. Umzekelo, umbongo wombhali onesihloko esithi “*Imini yomngcwabo*” (p.p 56), uBuzani ubhale imigca emithathu kuphela:

*“Kuhla ibhokisi*

*chapha chapha iinyembezi*

*ihlakula umhlaba”.*

Umbongo kaBuzani ungqala ngqo koko umbhali anqwenela ukutsho ngamazwi ambalwa. Bekukhe kwakhankanywa ngootisthala ukuba ndibhala imibhalo emide ngamandla. Oko ndiye ndikwenze ndicinga andinakuvakala xa ndiphose amazwi ambalwa kanti akunjalo, imibongo kaBuzani ithe yandibonisa oko.

Ndiphume nayo nento endingqinelana nayo ngamandla yokokuba umbhali ngamnye xa ebhala unento emshukumisayo. Xa ubhala ubhodla isingqala sakho. Umzekelo umbongo endithe ndawubhala kwithesisi onesihloko esithi “**UKUKHANYA KOZA NGAWÉ**” ndithe ndabhodla isingqala sam seentombi ezithi zikhulelwe kwiminyaka eselula ze bongeze uxanduva kwabazali babo abangathathi ntweni:

“vala loo mathanga  
unxibe ulwazi  
ndihlekwa ziindonga  
ziinzingo neenxwaleko  
ondombela zona...”.

Ekuqaleni umbongo endiwucaphule ngentla ndithe ndawubhala ndingasebenzisi lizwi eli ngu- “ndi” kodwa emveni kwengxelo ndithe ndawubhala umbongo ndisebenzisa ilizwi lo mntu lokuqala ukuze umbongo ubenelizwi. Ukubhala ngelizwi lomntu lokuqala elingu “ndi” yinto ebendingayazi okokuba ibalulekile ekubhaleni ukuze umbongo usondele kumfundi kutsho kuvele nokunyaniseka ekubhaleni kwam. Kodwa njengokuba ikhosi ifikelela esiphelweni ndikubonile ukubaluleka kokusebenzisa u “Ndi” ekubhaleni kwam. Oko kuye kubangele umbhalo ubenefuthe ngamandla kumfundi atsho azive esondele engqamana noko ndikubhalileyo.

Kananjalo inkqubo yengxelo indixhobisile ngendima yokuphepha ukubhala ndibonakalisa ucinezelo kwesinye isini. Kumbongo endiwucaphule ngentla ndithe ndathwalisa uxanduva amantombazana kuphela ngendima yokukhulelwa kolutsha kwiminyaka eselula ngokungathi abantwana abangabafana ababandakanyeki kwesi sehlo. Nangona ndikuvile oko kuthethwe kwengxelo malunga nokuthwalisa uxanduva isini esinye kuphela ekubhaleni kwam ndibone kukuhle okokuba umbongo wam ndibhekiselele kwiintombi kuphela kuba isingqala samsibhekiselele kwiintombi.

Esona sitshixo ndithe ndasifumana kwengxelo sesokuba umbhali makabhale oluhlobo athetha ngalo. Umhlohli onguMbungwana ude wabuza umbuzo othe wandivuselela malunga nokubaluleka kokusebenzisa ulwimi olulula: “Buphi ubugcisa bakho njengombhali xa uza kudinga isichazi magama xa ubhala?”.Ude wasizekelisela ngencwadi kaSindiwe Magona enesihloko esithi, “*Kubantwana Babantwana Bam*”. Kwisahluko esithi, “*Ekukhuleni*” umbhali usebenzisa ulwimi olulula:

“Amakhosikaz’ alungis’ iiqhiya, abek’ iityali emagxeni nokuba ke zitatwuli, iijezi..” (p.p 84).

Kwimibongo endithe ndayibhala kwithesisi ndenze ngokunjalo nam amagama ndawabhala ngolu hlobo ndithetha ngalo.Umzekelo kumbongo endiwubhalileyo onesihloko esithi “**UMDLALO**” isitulo ndisibhale njenge “situlo..” khangе ndizame ukusebenzisa igama lesiXhosa elisulungekileyo elithi “isichopho”. Ndikubambile nobekutsho utitshala

uMbungwana okokuba ulwimi lufana nomlambo luyatshintsha. Asinako njengababhali bangoku sibe kanti sisasebenzisa ulwimi looMqhayi. Phambi kweengxelo kwikhosi bendilixhoba lokusebenzisa amagama antsokothileyo ekubhaleni kwam ngeenjongo zokulondoloza ulwimi lwesiXhosa. Kodwa ekuhambeni kwexesha ndiqaphele okokuba ukuba ngumbhali wobugcisa budinga mna mbhali ndibesisipili sexesha langoku esiphila kulo kwimibongo endiyibhalayo.

Ekuphuculeni ukubhala kwam ndiye ndabona okokuba kuhle ukuba ndingaxili ngamandla ekufundeni incwadi yombhali onguNontsizi Mqgqetho enesihloko esithi *“Isizwe esinembali: Xhosa Histories and Poetry (1873-1888)”* ukuze ndingazibhaqi ndilixhoba lamagama antsokothileyo asetyenziswa yeminye yemibongo yakhe. Umzekelo, umbongo onesihloko esithi *“Umpanga ka Mdi u Rev. S. Mtimkulu”* (p.p 242) usebenzisa amagama afana noo-“benzabele” “inkwitshi” andishiya njengomfundi ndikhangela intsingiselo. Kumbongo onesihloko esithi *“Isimbonono Saba Zali”* (p.p 131) umbhali usebenzisa izikhuzo ezifana noo-“Nakhuleka!” “Halahoyi!” nto leyo ixelayo okokuba isimbo sombhali sokubhala sibuyela ngasemva kuhambo endikulo. Ngoku ndiyazi ukuba kufuneka ndize nento entsha ekubhaleni kwam. Ayibubo ubulumko ngamanye amaxesha ukwamkela iindlela zokubhala kwiincwadi ezabhalwa kudala kuba isimbo sokubhala siyatshintsha.

Kwiingxelo ndiphume nayo nengcebiso yokokuba njengombhali wobugcisa kunyanzelekile ndiyile ezam izaci namaqhalo ukubonakalisa ubugcisa. Andinako ukusebenzisa izaci namaqhalo ezisele zisetyenzisiwe. Ndikwaqaphele nokokuba ababhali bangababhali kuphela ukuba oko ndithe ndakubhala kuza kufika kuzinze njani okanye akutolike njani umfundi akukho semandleni am.

### **3.4 Isemina: Ukubhala okusanqabileyo esiXhoseni**

Umbongo wombhali onguVangile Ngatsho okwincwadi enesihloko *“Umqaphu Obomvu”* wangonyaka wama-2018 ongenasihloko undifundise ubugcisa bokumilisa umbongo ngohlobo elithi lingqamane noko kuthethwa ngamagama. Umbhali onguNgatsho kumbongo wakhe ongenasihloko usebenzisa izikhewu phakathi kwamagama endithe ndaziphawula njengezidlala indima ekuphuhliseni ngakumbi umxholo wombongo wakhe. Umzekelo kumqolo wesixhenxe noweshumi:

“Uyahamba-hamba kulo mandlalo wam  
Kumandlalo wakho nakumandlalo wam”.

Kwakule ncwadi yombhali onguNgatsho umbongo ongenasihloko ongesigingci (“Iintambo ezintandathu, Isiginkci sifunxa iinyembezi emaphupheni”) undenze ndaqaphela okokuba umbhali unako ukubhala ngezinto ezizixhobo (izinto ezingaphiliyo). Nombhali ongu Pablo Neruda ukwandazise kubugcisa bokubhala ngezinto ezizixhobo. Umzekelo, umbongo kaPablo Neruda onesihloko esithi “*Ode to Tomatoes*” umbhali ubonakalisa indlela asibona ngaso isiqhamo esiyitumata. Kweminye yemiqolo umbhali uyabalula okokuba akuyibona iqhotswa idityaniswa namafutha itumata loo ndibanisela uyibona njengomtshato

“happily, it is wed to the clear onion and to celebrate the union we pour oil”.

Njengombhali indima yokubhala bendisoloko ndiyithatha ngamandla ndisoloko ndicinga ngokubhala imiba engumngeni elizweni okanye imiba etya mna njengombhali malunga nokuthile. Bendingakhe ndicinge ngokubhala ngezinto ezindingqongileyo, kodwa aba babhali babini uNgatsho kunye noNeruda balitshintshile iliso lam ngendlela endithi ndijonge ngayo inkqubo yokubhala.

Ngoku ndiyayazi okokuba ukubhala ngezinto ezikungqongileyo ezingaphiliyo kubonakalisa ubugcisa bokufumana onokubhala ngako kwimibongo kwizinto ezincinane ezingenakujongelwa ntweni luninzi zibe zidinga ukuqwalaselwa kukuhlala kuba ziyinzuzo. Kukwayiyo nendlela ethi ndibonakalise ngayo uhlobo endithi ndiphendule ngalo nohlobo endithi ndizijonge ngayo izinto ezindingqongileyo.

Kwincwadi kaNgatsho “*Umqaphu Obomvu*” ukungabinaso kwakhe isihloko embongweni ndikuthandile, ngoba umbongo wakungabinaso isihloko umfundi wencwadi akabinalo ufifi lokuba umbhalo uzakuthini. Kuye kubekho ulwazi oluthile umbhali athi abambela abafundi lona ze abakhulule bakukuwufunda umbongo. Ndiyacinga ukungabikho kwesihloko kwenza abafundi bafunisele ngokuya befunda ukuba umbhalo ungantoni njengokuba izihloko zidlala indima ekukrobiseni ababhali ekubeni umbongo ungantoni.

Umbhali onguMthunzikazi Mbungwana umbongo wakhe onesihloko esithi “*UTOKI/MAMISE*” oshicilelwe kwijenali ye- “*New Contrast*” yangonyaka wama-2019 undazise kubugcisa bokubhala obohlukileyo bokusebenzisa iimpawu zesileshi (\) ukubonakalisa uthelekiso

phakathi kwezinto ezimbini ezahlukileyo. Umzekelo kumbongo wakhe uMbungwana ubhale wenjenje:

“UToki wawaxhapha onke amaqanda enkukhu zalapha / Wabuya enomgada elalini / Iimbongi ezichongelwe isizwe zambonga uToki/ Zimncoma ukukhalipha/ UMamise wabizwa ngenjakazi emabele made kukondla amantshontsho kaToki/...”.

Olu hlobo athe wabhala ngalo uMbungwana nangona ndingakuzamanga kwimibongo yam ekwithesisi kodwa ndilufakile kuvimba wam wokubhala wobugcisa. Kwimibhalo ezayo endinokuthi ndiyishicilele ndingakuzama uhlobo athe wabhala ngalo.

Omnye umbongo kaMthunzikazi Mbungwana onesihloko esithi “*IMILEBE YETHU*” okwashicilelwe kwijenali ye- “*New Contrast*” uthe wandiqwabulula ingqondo. Emveni kokufunda umbongo wombhali ndizive ndinokukhululeka ekubhaleni kwam. Imixholo efana nale mibongo ethe yabhalwa nguMbungwana engokwabelana ngesonto bendibamba igazi ekuyifundeni. Njengombhali oseyintombi nto ibisoloko indenza ndingakhululeki kuba ingangqamani nomntu endinguye. Ndiqaphele ke kodwa ukuba kuhle okokuba ndizitweze njengombhali ndijonge neminye imibhalo elolunye udidi kunoko ndinokubhala ngako nendinokufunda. Oko kungandanceda ekubeni ndifunde ezinye iindlela zokubhala. Umzekelo, ifomu eyahlukileyo nesimbo sokubhala esahlukileyo. Okutshiwo ngumbhali akubalulekanga ukogqitha isimbo sokubhala nefomu athi umbhali ayisebenzise.

### **3.5 Isemina: Ubutsha nokudlamka koncwadi (*Innovation*)**

Phantsi kwale semina ndiphume nayo indima yokokuba njengombhali kulindeleke ndibhale ngohlobo olusisipili esibonisa ubutsha nokudlamka boncwadi. Kuhle okokuba xa ndingumbhali ndivakalise ilizwi labantu basekuhlaleni (*voices of the land*) ndibenabo nobugcisa bokuba ndithi qhushe oko kuqhubekayo kweli xesha siphila kulo ekubhaleni kwam. Umzekelo, kwithesisi yam kumbongo onesihloko esithi “**ZIBUYA UMVA**” ndithe ndabhala umbongo obeka ekuhlaleni impatho mbi ethi yenziwe ngabantu abangotata ekhayeni:

“izidlele zam ziqumbile  
zithandelwe yimivumba  
umsindo undikhwebela emva kwecango  
undinika izembe  
ndixabela izandla zikatata  
iinyembezi zikamama zibuya umva  
zindiqhwabela izandla”.

Oku ndithe ndaphuma nako kwisemina ndikuphawule kumbhali onguJolobe kumbongo wakhe onesihloko esithi “*Thuthuka*” oshicilelwe kwincwadi enesihloko esithi “*Umyezo*”. Kulo mbongo umbhali ubonga ngenkolelo yobuxoki yayikho yemfazwe ka*Thuthula* phakathi kukaNgqika noNdlambe:

“Naye uThuthula wagoduswa,  
Yaxolelwa inzwakazi kuba  
Yayenziw' uchuku esigwini  
Sokukhand' uNgqika noNtsikana”.

Oku abonga ngako uJolobe nolwimi athi alusebenzise elinamagama angenantsingiselo isekuhleni, umzekelo igama “*esigwini*” ndiyacinga abafundi abaphila kwixesha langoku abanakubanawo umdla wokufunda imibongo efana nale yakhe ngenxa yokungabisiso isipili sexesha lale mihla. Nangona kunjalo kodwa ukumila kombongo kaJolobe onesihloko esithi “*Oseboniselweni*” onefomu yengxoxo ndithe ndafunda nto kuwo. Umbongo obhalwe ngokwefomu yengxoxo bendiqala ukuhlangabezana nawo:

“*Mlindi, kuxa liphi na  
Ebusuku?*” *Wakhwaza*  
“*Isifingo sidlule*  
*Ngums' obomvu...*  
*Luqeqesho. Kuyasa*”.

### 3.6 Ubume bombongo

Le semina ithe yandithyilela okokuba singababhali asiphili sodwa umbhali uthi afumane ifuthe lokubhala kwabanye ababhali. Umzekelo, imibongo ebesithe sayijonga ibibonisa oko kufuthelana kwababhali. Umbongo kaJolobe (1936) onesihloko esithi, “*INdlov’ enomxhaka*” uthi wafumana ifuthe kumbongo kaNtsikana (1827) onesihloko esithi, “*UloThixo omkhulu*”. Yomibini imibongo yaba babhali ingoThixo kwaye imibongo yabo bobabini iqala ngohlobo olunye, ngemvano siqalo engu “*Ulo*”: “*UloThixo omkhulu, ngosezulwini*” (Ntsikana, 1827), “*Ulothetha ngelizwi, kuvele indalo*”, (J.J.R Jolobe 1936).

Ngokunjalo nombhali onguSimphiwe Vikilahle umbongo wakhe onesihloko esithi “*Umhlobo wam*” nawo uthi wabonakala ufumana ifuthe kumbongo kaG. Soya Mama onesihloko esithi “*Ikrele lempindezelo*”. Umbhali onguVikilahle uthabathe ithoni yombhali evakala izolile wayifaka kowakhe umbongo.

## 4. Poetics Essay

### 4.1 Poetics of The Wor(l)ds We Live- Assignment

This essay is discussing writers from the “Poetics of The Wor(l)ds We Live” seminar readings. It is talking about what they have to say about writing that I have found beneficial to me as a writer in pushing my writing to a higher level and giving me a deeper insight in writing. It is also discussing elements that I have found in these writers that I have identified as important in putting a finger on what’s necessary and required when writing.

Huidobro (2020: 39) puts his finger on the importance of creating as a poet stating, “The first prerequisite for a poet is to create, the second to create and the third to create”. Huidobro (2020:43) also gives an example of what he means by the idea of creation in a poem making his idea of creating more clear and understandable, “I am offering a created description; when I say: “The ingots of the storm”, I am offering you a pure created image when I tell you: “she was so beautiful that she could not speak” or “The night is wearing a hat”, I am offering you a created concept”. Huidobro (2020:51) also highlights the importance of taking criticism as a writer so that it may improve, “Unintentionally, the critics helped me a lot in my work by detaching, with precise scissors verses or images...”. Huidobro finds it important that poet’s say things that would have never been said without them and that motivates me as a writer to be as creative as I can, making my writing distinguishable from the work of other writers.

Khlebnilov (1985: 153) in a reading titled “*On Poetry*” talks about the idea of writing sincerely whether your writing is understood or not, “Poems may be understandable, or they may not, but they must be good, they must be real”. Khlebnilov (1985:153) further questions if poems aren’t supposed to be about oneself so that the idea of writing sincere may be evident, “Isn’t the nature of a poem to be found in its withdrawal from itself, from its point of contact with everyday reality? Is a poem not a point from the I?”. What Khlebnilov talks about is something that I have identified in writing that helps the readers to connect and relate with what the writer is writing about.

Similarly, Zhuwao (2003) in his interview with Alan Finlay in the “*South African Poets on Poetry: Interviews from New Coin, 1992-2001*” talks about how he wants to write about himself. Zhuwao (2003:1) in a question asked by Alan “Do you always write from the self-

outwards?” Zhuwao responds by saying “Firstly the self. I’m much more interested in the self. I’m not interested in the ordinary man in the street”. When asked by Alan about the process of finishing his novella Zhuwao (2003:2) further states, “This book is about everything in my life. It’s everything...I’m telling something that had been captured within me, imprisoned within me”. Zhuwao also states that he is more interested in writing about himself, his pain and suffering.

Rich (1993: para 6) in her article titled “*Someone is Writing a Poem*” also mentions the idea of referring to oneself when writing which helps the readers to identify with the writer, “Self-reference is always possible: that my “I” is a universal “we,” that the reader is my clone”. Rich (1993: para 4) also talks about writing about the self-stating, “We go to poetry because we believe it has something to do with us”. Rich (1993: para 3) further talks about the presence of honesty when writing that I find important so that my writing does not fail me. Rich states that, “I can’t write a poem to manipulate you... I can’t write a poem from dishonest motives; it will betray its shoddy provenance...it will not serve its purpose...”.

Rich (1993: para 11) also draws on the importance of considering readers when writing and careful consideration of each and every word that I use as a writer, “The theatre of any poem is a collection of decisions about space and time- how are these words to lie on the page, with what pauses, what headlong motion, what phrasing, how can they meet the breath of someone who comes along to read them? And in part, the field is charged by the way images swim into the brain through written language...”.

Rich (1993: para 8) talks about voice in a manner that makes me convinced as a writer that language and voice are the core foundation of writing poetry, “What poetry can give has to be given through language and voice...”. Seibles in his article titled “*DESPERATE AND BEAUTIFUL NOISE*” also talks about voice in a way that makes it clear to me as a writer what voice is. Seibles (2019:63) says, “When we think about voice, generally we think of an individual speaking (writing) from a single position— his heart, her mind— but it is worth considering that a voice can be representative or *stand-in* for a community’s voice”.

Seibles refers to the music of Jimi Hendrix and the books of Hayden, Clifton, Basho, and Saxton that he keeps on going back to because of his conviction that every present *note*, word, silence, and the sounds are solely present to convey the most important message. Seibles’s

statement is what I found similar to what Rich (1993: para 11) says, “The theatre of any poem is a collection of decisions about space and time —how are these words to lie on the page, with what pauses, what headlong motion, what phrasing, how can they meet the breath of someone who comes along to read them?”. Both statements made by Seibles and Rich are giving me an idea of the importance of being deliberate when writing.

Seibels (1993:65) notes that the crucial thing that can be learned from the artists or poets we love is, “...To trust and value that itch inside our guts, that restlessness that means something we know has got to get said”. Seibles, (2019:63) also mentions the need for honesty and openness in poetry when writing that I also find important as a writer so that readers can relate to my writing, “What we love about good music is exactly what we love about good poetry: the absence of trickery, the presence of honesty: every word intended to enliven, to enlighten to carry what is *sayable* to the full extent that language allows”. Seibels (2019:63) mentions that this is what Dunn refers to as “crucial speech”.

Cesarie (1990: xlvi) states, “What presides over the poem is not the most lucid intelligence or the most acute sensibility, but an entire experience: all the women loved, all the desires experienced, all the dreams dreamed all the images received or grasped...all lived experience”. Cesarie’s statement reminds me of talking about oneself and being truthful when writing. Similarly, what Cesarie says is what Seibles, Zhuwao, and Rich had touched on that I had already mentioned in the paragraphs above.

Cesarie (1990: xlix-l) further points out, “...In every true poem the poet plays the game of the world, the true poet hopes to surrender the word to its free associations, certain that in the final analysis that is to surrender to the will of the universe... a poet is defenceless”. Cesarie’s commentary on how defenceless the poet is to me as a writer it suggests how free-spirited I should be as a writer and not try to control how I write. Cesarie (1990: liv) also says, “It’s not fear of madness that will oblige us to furl the of imagination”. Cesarie’s words gives me a suggestion of the need to go all crazy and mad when writing without withholding anything in my writing.

The idea of going all crazy and allowing creativity to prevail without withholding anything is also visible in Nyezwa’s extract titled “*I Heard Rhythms- Unpublished MACW dissertation*”. Nyezwa (2015: 4) talks about *inkenkqe* saying, “This is what Garcia Lorca calls duende,

although in isiXhosa we have an almost identical concept called inkenkqe that the Maskandi artist also experiences, flushes and bouts of extreme creative energy". Lorca in his reading titled, "*Theory and function of the Duende*" also talks about the importance and power of the duende. Lorca (2007:1) quotes Deblas's words, "On days when I sing with duende no one can touch me". Lorca (2007: 1) also refers to Manuel Torre who said, "You have a voice, you understand style, but you'll never ever succeed because you have no duende". As a writer Lorca's words made me realise that duende is what my writing needs to succeed. The extreme creative energy that it comes with would inject creativity in my writing.

Cesarie (1990: lvi) in her reading also points out the musicality of poetry stating, "To seek to musicalize poetry is the crime against poetic music, which can only be the striking of the mental wave against the rock of the world". In my writing Cesarie's statement instils the idea that it is dangerous to seek to rhyme when writing.

Machado (1979: 163) talks about images and metaphors saying "In lyric poetry, images and metaphors are therefore proper when they are employed to supply those missing proper names and unique concepts which are required to express the intuitive, never to clothe anew the generic and the conventional. Good poets are spare in their use of metaphor and the suppression of the direct names of things when things have direct names is unnecessary". Machado's words have made me aware of how and when images and metaphors should be used so that I may avoid using them unnecessarily.

Furthermore, Machado states (1979: 162) that "If I were forced to choose a favourite poet. I would choose Vergil... 1. Because in his poems he gave a place to many beautiful lines from other poets, without taking the trouble to disguise them". To me Machado's words points out the importance of taking ideas from other writers when writing so that my writing may grow. It is something that is acceptable in writing that I should not shy away from as a writer.

Kraus (2004:77) in a reading titled "*Hunger-Technology-Emotion*" says, "In Weil's philosophy just like in narrative or phone sex, it's not the story that we're really hearing, it is the fact and act of telling it". What Kraus talks about gives me the idea of not being too concerned with meaning when writing but rather shift my attention to the way in which the story is told and presented. Berry also talks about an idea that I found similar to what Kraus talks about. In a reading titled "*Introduction: Writing in the Present*" Berry (2009: 21) states, "If we don't

understand the writing of Diane Williams or Michael Joyce or Leslie Scalapino, we won't normally wonder what their words mean. We will wonder what their words make: a puzzle, a pastiche ...".

Berry (2009:16) refers to Barthes's 1953 book titled, "*Writing Degree Zero*" stating, "For him the history of modern literature was the history of efforts to achieve a genuinely democratic form of expression, to articulate interests that were broadly human, not the interests of a particular class or group". Through Barthes's words I have realised that as a writer I have the ticket to freely express myself and my writing isn't intended to satisfy only the interests of a particular group. My writing is for the community at large.

Berry (2009:14) says, "One way to characterize experimental writing from modernism to the present is that it dispels transcendence, means to resume proximity's risks, to be right where its words are happening. William Carlos Williams in 1923 described it as leaving readers naked, deprived of their protective barrier, or covering... The idea is that, even in the greatest achievements of lyric and narrative, an alienation has already occurred, a distancing of readers from the reality they inhabit". Similarly, in a description of what genre fiction is Roy (2004:176) says, "Genre fiction is not about representing experience but producing and organizing feeling – sexual excitement, horror, mystery, fear. The aim is to invade the readers' subjectivity. To control and then to release". Both writers have introduced me to the idea that when writing I should strive to make my readers feel uncomfortable and always bring something new and unusual in my writing that is outside what they are used to so that I may retain their interest. Even if I write about an idea that they are familiar with but I should strive to make it unfamiliar.

Although all the writers that I discussed above differs in their style of writing but what they had to say about writing served the same purpose of giving ideas or thoughts that I can use as a writer in understanding better the writing process.

## 5. Writing in Community Report: Ubutsha boncwadi

### 5.1 Inkcazelo ngocweyo

Ucweyo ndithe ndaluqhuba kubafundi bebanga leshumi elinanye, kwisikolo samabanga aphakamileyo esibizwa ngokuba yi*Khutliso Daniels Secondary School* esikwisixeko saseMakhanda kwilokishi yaseJoza. Iinjongo zocweyo ibikukwazisa abafundi ngobutsha boncwadi ndigxile kumabali amafutshane kunye nemibongo. Ngesango lobutsha boncwadi ucweyo belubhenele ekuvaleni umngeni wokungaqondi kwabafundi ngobugcisa bokubhala imibhalo esisipili sale mihla siphila kuyo nokusetyenziswa kolwimi olulula (ulwimi esilusebenzisayo xa sithethayo kule mihla) oluthi lufikeleleke nakwabo bangengabo abafundi besiXhosa esintsokothileyo; ukubonakalisa ubutsha boncwadi. Ibikwazizo neenjongo zolu cweyo ukukhanyisela abafundi ngesimbo sokubhala endicingayo okokuba kusekho umngeni kuso. Umzekelo, abafundi xa bebhala amabali amafutshane nezincoko babambelela kwimigaqo ethile yokuba uqala ngetshayelelo, uze ngesiqu ze ulandelise ngokuthile nokuthile.

### 5.2 Iziphumo zocweyo

Abafundi abathe bathabatha inxaxheba kolu cweyo balishumi elinesihlanu. Bebenamashumi amabini anesihlanu abafundi bebathe bavuma ukuba yinxalenye yolu cweyo. Ngeli lixa ucweyo luqhuba abafundi babalulile okokuba abanye abafundi bathe bajibilika kuba bekhala ngelithi into edibanise nokufunda uncwadi yinto edinayo ngakumbi uncwadi lwesiXhosa lunolwimi olunzima.

Ngeli lixa ucweyo luqhuba abafundi bebekho babalulile okokuba abafundi abathe babuya umva ekuthabatheni inxaxheba kucweyo banganokuzisola ngenxa yokubanomtsalane nokungaqheleki koncwadi endithe ndabafundisa lona. Bakhankanye nokokuba endithe ndaza nako kwahlukile kunoko bebekulindele. Bebelindele ukufundiswa ngohlobo lokubhala abaliqhelileyo. Umzekelo, omnye wabafundi kwingxelo (*feedback*) bekulindeleke bayibhale malunga nendlela abathe balifumana lungayo ucweyo uvakale esithi ngemibongo:


“Le mibongo indinike umdla ngoba yohlukile kwimibongo esiyenzayo. Umbhali onguMiss Busakwe akagxilanga kakhulu kwiimvano siphelo neemvano siqalo, lo nto ndiyithandile ngoba intsha and iyancomeka. Indlela awubhale ngayo lo mbongo onesihloko esithi **“ZIBUYA**

**UMVA**” ndayithanda kakhulu kuba akekho umntu benocinga okanye enze oluhlobo enze ngalo *and what I liked is that she was able to come up with new ideas* zokubandakanya intetho-ngqo embongweni wakhe. Umzekelo, umqolo wesi-eight embongweni wakhe “shhh ungathethi” *that was creative thinking and I loved it and I enjoyed the poem*”.

Abanye abafundi babalulile okokuba isimbo sokubhala imibongo kunye namabali amafutshane endithe ndabafundisa bebeqala ukuhlangabezana naso. Bakwakhankanye nokokuba bayacinga ukusukela ngomhla wocweyo ukufunda uncwadi olufana nolu ndithe ndabafundisa lona bangakukhuthalela kwaye bangonomdla wokulubhala. Bathe bathabatheka lulwimi olulula olungadingi sichazimagama abathe balifumanisa emibongweni nakumabali amafutshane, ukumila kwemibongo ebonakalisa iyantlukwano kunaleyo bayiqhelileyo nokusetyenziswa kwemifanekiso emibongweni. Umzekelo, omnye wabafundi kwingxelo yakhe uvakale esithi:

“Khangе ndiyazi *that poems can be written in two languages and* khange ndiyazi ziyakwazi ukubhalwa ngenye indlela. *It was my first time seeing a curved poem, it even uses slashes into esingayiqhelanga uyenza thina. I love the way new poetry is written; I was shocked I didn't think it was a poem because it's very different from what we learn here on my school....*Ndinomdla kakhulu ngoku kwimibongo ingaske sifundiswe ngolu hlobo esikolweni...Andinguye umntu othanda imibongo kodwa lena besiyenza namhlanje indinikise umdla ngendlela ebhalwe ngalo”.

Ndibenemincili nemigcobo ngamandla ndakubona umsebenzi othe wabhalwa ngabafundi. Oko bekubangelwa kukubona iinzame zabafundi ekubekeni ephepheni oko bathe bakufunda malunga nendlela ezintsha zokubhala imibongo. Umzekelo, umbongo womnye womfundi endithe ndawuskena ndawunamathelisa ngezantsi:



Ndibaphawule abafundi njengabantu abakhangeleka ngokungathi bebehleli benaso kakade isakhono sokubhala ngobugcisa qha nto nje bebedinga ubani onesakhono sokubhala onokuvuselela izakhono zabo bebengaqondi okokuba banazo. Okanye bebedinga ukufundiswa iindlela ezingezinye ezinomtsalane zokubhala ukuze izakhono zabo zokubhala zivuseleleke. Ngeli lixa ucweyo luqhuba babonakalise ukuqonda msinya.

### **5.3 Inkqubo yocweyo**

#### **5.3.1 Iseshini yokuqala**

Ndichithe imizuzu engamashumi amathathu ndifundela abafundi imibongo yam ebonisa ubutsha boncwadi nobugcisa bokubhala. Iinjongo zoko ibikukubakhanyisela ngohlobo olutsha ekulindeleke singababhali sibhale ngalo kule mihla ekuphuhliseni ubutsha boncwadi. Imibongo ebendiyifunda ndikwayifundisa ndithe ndayongeza ngemibongo yabanye ababhali ababonisa iyantlukwano kuhlobo endibhala ngalo ngokwefomu. Ngokwenza njalo ibikwazizo neenjongo zam ukukrobisa abafundi kuthotho lweendlela ezahlukileyo zokubhala imibongo. Umzekelo, ndithe ndongeza ngemibongo yababhali abafana noAthambile Masola, Mthunzikazi Mbungwana nombhali onguVangile Ngatsho.

Njengombhali obhala ngelwimi ezimbini isiNgesi kunye nesiXhosa kucweyo lam ndithe ndabandakanya umbongo omnye wesiNgesi. Iinjongo zoko ibikukubonisa abafundi imvume esinayo singababhali yokubhala ngeelwimi ezahlukeneyo embongweni omnye. Umzekelo, umbongo wam wesiNgesi unesihloko esibhalwe ngolwimi lwesiXhosa kwaye ukwanawo namabinzana abhalwe ngesiXhosa:

#### **“KUBUHLUNGU**

*My face is sagging with sadness*

*too frightened to say: kubuhlungu”.*

Olu hlobo lokubhala abafundi bathe balonwabela ngamandla. Ndiyacinga isizathu soko kukuqhela kwabo imibongo ebhalwe ngolwimi olunye. Kwingxelo yabafundi ngale seshini omnye umfundi uvakale esithi:

*“...I love how unique they were and how they created imagination in my mind. I think I like this freestyle writing I love the fact that I can use more than one language in one poetry. I always wanted to be a writer and now you revived me and my dreams”.*

Ingxelo endithe ndayicaphula ngentla ngeyona ithe yatshatshela phambili kunazo zonke iingxelo zabafundi endithe ndazifumana. Ithe yandibonisa okokuba olu cweyo alubanga lilize lide labanako nokuvuselela amaphupha abafundi bokubangabhali.

### **5.3.2 Iseshini yesibini**

Kwiseshini yesibini ndichithe iyure ekufundiseni ubugcisa bokubhalwa kwamabali amafutshane akwaphuhlisa ubutsha boncwadi. Ndithe ndagxila kwamabali ombhali onguCilibe kunye noG.B Sinxo. Kwaba babhali ndikhwetywe sisimbo sabo sokubhala amabali aphuhlisa ncakasana ixesha esiphila kulo bebonakalisa ubutsha boncwadi. Kumbhali onguCilibe ndikhwetywe ngamandla kuye bubugcisa bakhe bokuxuba ulwimi lwe-slengi nolwimi lwesiNgesi emabalini akhe esiXhosa. Oko kuphuhlisa ngqo ixesha lale mihla esithetha ngalo.

Ekuqokumbeleni ucweyo ndithe ndanika abafundi ithuba lokuba babhale ingxelo ngocweyo, amabali amafutshane kunye nemibongo besebenzisa izixhobo endithe ndabafumbathisa zona zokubhala ngobugcisa. Ngenxa yexesha kuye kwanyanzeleka abafundi babhale imisebenzi yabo yobugcisa ekhayeni bekhetha phakathi kokubhala umbongo okanye ibali elifutshane. Imisebenzi ndithe ndayiqokelela ngengomso. Ndiqaphele okokuba abafundi bathande imibongo ikakhulu kuba khange kubekho namnye umfundi othe wabhala ibali elifutshane nakwingxelo bathe bagxila ekuncomeni imibongo ukodlula amabali amafutshane.

Okuthe kwandihlekisa kolu cweyo kukubhalwa kwezinye zeengxelo ngeelwimi ezixutyiweyo (isiNgesi kunye nesiXhosa). Abafundi bamise ngelithi xa bebhala imibongo kunye namabali amafutshane banako ukubhala bexuba iilwimi nakwingxelo kufanele kubenjalo. Igcuntswana labafundi bendisebenza nalo ndonwabele kakhulu ukusebenza nalo nokuba kungakho ithuba lokuba ndiphinde ndisebenze kunye nalo oko ndingakwenza ngezandla ezingenamikhinqi. Bawamkele ngezandla ezishushu ngamandla umsebenzi wobugcisa ebendibafundisa wona.

## 6. Book Reviews

### 6.1 Book Review 1

- **Title:** Life at Home and Other stories
- **Author:** Joel Matlou
- **Number of pages:** 96
- **Year of publication:** 1991
- **Category:** Short Stories

Before the reader pages the book and reads it the book blurb serves a great purpose of giving the readers background information about the author and some overall commentary about the stories that feature in the book: “The stories in *Life at Home* are startling and memorable. Most of them feature a new incarnation of Matlou himself... Matlou’s stories are full of unexpected twists and leaps and leaps of faith. There is no room here for platitudes and posturing. Rather, there is ironic insight and hard-worn wisdom; as Matlou puts it, every day is a time for a wise man’. And life at home, he says is like hell... but everything’s all right”.

The book is a collection of short stories that are set during the apartheid times. In the first four short stories the writer takes the readers on a journey of his life from childhood to adulthood. A journey that was marked by suffering and the need to be a hard worker to rescue himself from the pit hole of struggling. The writer seems to be drawing from his own experiences when writing because of the use of the ‘I’ and his real surname, “I was the little man of Mr Matlou” (p.g 11). However, Matlou’s collection of stories is fiction.

The first four stories of the book are a true reference to the everyday life that we live within our societies. The first four stories seem to be woven to each other as compared to the last two stories of the book. In the last two stories the focus on writing about life stories seems to drift to fairy-tale like stories.

The collection of stories in the book will be relatable to a lover of fairy-tale like stories, a person that is drawn to reading about life experiences that show human struggles, a Christian believer, a lover of books that combines visual and verbal narratives. The drawings in the stories makes the book not to be exactly the 94 pages of reading. They occupy some of the space between texts making the reading process quicker. The book would also be most relatable for someone who enjoys reading books that makes use of simple language.

Given the title of the book *“Life at Home and other stories”* the phrase *“Life at Home”* is the title of the second short story that features in the book. Other stories are: *‘Farm Boy’*, *‘My Lifestyle’*, *‘Man Against Himself’*, *‘Carelessman Was a Madman’* and a short story titled *‘My Ugly Face’*. I found the title of the book perfectly matching what is contained by the book. After reading the book it becomes understandable why the short story titled, *“Life at Home”* got to feature in the title. As I read the book, I found the story as outstanding in capturing what Matlou aims to bring through his stories: the theme of the apartheid times and the theme of suffering. Other stories too in the book capture the overarching theme of the book of Matlou’s life struggles while growing up. This makes the stories in the book woven together. A story titled *‘Carelessman Was a Madman’* is the only story in the book that is not woven with other stories because of the humour that is in the story.

A story titled *“Farm-Boy”* is an example of a story that I could make an example of in making use of simple language: *“One day he promised to steal me...”*, (p.g 21). Instead of the writer using the word *‘kidnap’* or any other complex word Matlou chooses to make use of the simplest word *‘steal’*, and that is what he constantly does in his writing in other stories too.

In the story there is a character called Moloji her name means a witch. Matlou talks about the character saying, *“At about 12:30 a.m. the Moloji opened the window by style and entered our room...Moloji hammered a big needle into the top of my head to kill me...”*. I liked the character in the story because the writer used her as a tool to reveal the African life of witchcraft that some readers might have not known about.

What Matlou writes about in *“Farm- Boy”* matches the second story titled, *“Life at Home”*. In *“Life at Home”* Matlou also writes about his stay with his family at a farm owned by a white man. In this story Matlou shares a heart-breaking experience that talks about the exploitation that his father and other workers went through under the hands of a white farm owner that his father called *‘Baas Dick’*, (p.g 31). His father would work from Monday to Sunday without any day off and sometimes he would be called at night by his boss to assist him with some work, resulting to their escape as a family to a new home. What Matlou writes about shows the apartheid era and his writing about apartheid makes Matlou a political writer.

In a story titled *“Life at Home”* I like how the writer divides the story into various subheadings that focuses at a specific event. However, the sub heading titled, *“Croco and Impa”* I felt like

it is unnecessary. It is not useful in narrating what the story is talking about. It is all based on the animals that Matlou and his family saw along the way in their escape to their new home. Matlou shows his hard-worn wisdom and positive outlook throughout the struggles when he writes, "Life at home was really like at hell. But everything was all right", (p.40). Matlou's positive outlook on life and his words of wisdom can be quite motivating and as the readers could learn something from them.

A story that follows titled "*My Lifestyle*" Matlou calls himself, a "...clever among stupids" (pg. 43), because of a lifestyle that he adopted that was different from the rest. He became a carry boy at a young age, and he provided for himself. Matlou states that he became a carry boy because, "At home there was no way of getting money for eating at school", (p.42). With the money that he earned he bought himself clothes and school needs. Matlou further states that, "The youths of nowadays do not become carry boys, they carry knives in their pockets", (p.44). Matlou's words made me consider this story as the outstanding one because of how relevant I find his words to be. I also believe that every South African reader would find himself relating to Matlou's statement. Matlou's statement got me thinking about how times have changed. As the youth of today we are a generation that is unwilling to work hard. Often, we would choose to become robbers because of poverty instead of working hard and find a legitimate way that could take us out of poverty.

A female character named Ntlhotlhoreng that Matlou talks about in the story I failed to understand why she was included. I felt like her role was unnecessary. The writer talks about her only in five lines thereafter nothing is said about her again. Matlou tells the readers that "She was very strong and cheeky. She beat all men and women during the battles.", (p. g 49). Matlou did well by trying to include a character that will show the opposite of how we as women are always seen as weak and incapable of fighting within our societies, but I feel like the character had nothing to contribute to what Matlou was talking about.

The third short story that follows titled, "*Man Against Himself*", Matlou writes about his life experiences as a mine worker and talks about how suffering led him to the mines, "Suffering brought me", (p.g 61). Matlou in his short stories he opens with strong lines that I find as an introduction that foretells to the readers what the story is about. For example, the opening line in the story, "He must work before the sun goes down. The life of a man is very heavy in his bones and his future is a deep unknown grave", (pg. 53). Matlou's opening line hints to

the readers that he is going to dive into a story that shows some great difficulties and the need for hard work. The writer's use of simile in his writing becomes more visible in this story. For example, "We were wet like fishes and ugly like hippos", (p.g 66). I like the use of similes in Matlou's writing a lot because of how they help to create images to the readers about what he is describing. I also liked how in this story Matlou had the art of not repeating his phrases like he normally does in other stories. Matlou's motto, "If the Lord gives a burden, he will also provide to carry it" (p.g 58), he does not get to write it again instead when he talks about it in the next paragraphs Matlou states that, "My motto was till on my mind" (p.g 59). This motto also serves as a great example of how Matlou always brings in his Christian beliefs in his writing.

The use of Tswana and Afrikaans language in Matlou's short stories is something that made me feel disconnected to the text. Some Tswana and Afrikaans phrases in the story are left unexplained in English and some are explained. For example, in a short story titled, "*Farm-boy*" when Matlou talks about what they did not eat in the farm the Tswana phrases are left unexplained, "We did not eat 'morogo', but there were many 'morogo waSesotho', (p.g 17). However, in a story titled "*Man Against Himself*" the Tswana phrases are explained, "...Was digging mosele (water concrete)", (pg. 66) and that is a change I liked in the book. I feel like the writer should have chosen to be consistent with what he does with his writing (whether he provides an English definition of the Tswana words or he does not) so that the readers may know what to expect in their reading journey. Or maybe he could have provided a glossary at the end of all the Tswana and Afrikaans words that may be foreign to non-English speakers if he feels like he needs to explain his writing.

A story titled, "*Carelessman Was a Madman*" brings a different theme and tone in the book. It is a humorous story that I enjoyed. I laughed for the first time while reading the book. Matlou talks about a madman stating that "At night when he slept, he chewed his pillow until 3.30 a.m.". Matlou also talks about him saying that "When he was unhappy, he walked backwards, not looking where he was going" (p.g 81). Even the name of the characters in the story are humorous. A priest that features in the story his name is "New Year", (pg. 82).

The last story in the book titled, "*My Ugly Face*" made me feel disconnection from the text. Matlou talks about what gives me the idea that this story is a fairytale story, "Each of our feet had three toes, and each of our hands had four fingers", (p.92). Matlou also talks about a walk

he had with his friends to the capital city where an animal ape kissed him wanting to sleep with him. Close to the ending of the story, the way in which his friend dies after complaining of a stomach pain made me not to feel any emotion, because I found it to be unclear. Matlou talks about his friend's death stating that "Our eyes were still wide open to see what was causing his pain, when big rats came from under the jersey fast, like a rolling stone. The rats hit the top of the car and fell on my friend again...he fell slowly on the floor...he was cold and dead.", (pg. 94-95). My disconnection was caused by the lack of explanation of where these rats came from and what these rats did to his friend that he ended up dying.

The book is set during the apartheid times, but it is still relevant in capturing modern day life, leaving me with the belief that most readers would relate to the book. The struggles that are present in the stories the writer has managed to write them with a positive outlook while maintaining an optimistic tone. From the book I got the idea that a positive outlook through life circumstances is key.

## 6.2 Book Review 2

- **Isihloko: Zemk' iinkomo Magwalandini**
- **Umbhali: W.B. RUBUSANA**
- **Inani lamaphepha: 115**
- **Unyaka wokushicilelwa: 1906**

Incwadi u “Zemk’ iinkomo Magwalandini” yingqokelela etyebileyo ebandakanya imbali yakwaXhosa (imilibo), imibongo yesiXhosa, iindumiso, izincoko kunye namaqhalo; ikwanika iinkcazo ezibalaseleyo zamasiko athile awayesenziwa, ngandlela ithile, esenziwa ngamaNguni athile. Incwadi yahlulwe ngokwezihloko ezingama-31 ezifana nezahluko ezithi zizichaze ngokwamagama azo oko kuza kuthi kuthethwe ngako phantsi kwesihloko ngasinye. Isihloko ngasinye sencwadi sizisa okutsha nokwahlukileyo kunesinye isihloko kwaye sinombhali waso. Ndiyacinga oko kuyazichaza ngokunokwako okokuba incwadi ineyantlukwano.

Incwadi ayinaso isalathiso inembula-mbethe kuphela. Njengomfundi wencwadi oko kuthe kwandenza andayazi okokuba incwadi icwangciswe njani. Umfundi ufumanisa okuqulathwe yincwadi njengokuba eqhuba eyifunda. Ngaphandle kuqweqwe kubhalwe umbhali omnye onguW.B Rubusana kodwa ngaphakathi encwadini kukho nabanye ababhali abathe bathabatha inxaxheba ekubhalweni kwencwadi. Kukhangeleka ngokungathi incwadi u “Zemk’ iinkomo Magwalandini” yindibanisela yemibhalo yababhali ngababhali kodwa eqweqweni ngaphandle kubhalwe umbhali omnye onguW.B Rubusana.

Incwadi ayinokonwatyelwa ngumntu ongenawo umdla wokwazi ngembali yakwaXhosa. Inolwazi oluninzi olunikezwa ngaxesha nye ngakumbi phantsi kwesihloko esithi, “*ÁMARHARHABE*” kuchazwa okuninzi: amagama eenkabi zeenkosi, kucatshulwa namazwi awathethwayo, “*UMAQOMA wathi...*” (p.p 87) kuphinde kunikwe neminombo yooRharhabe. Nomfundi ongenazo iinjongo zokwazi ngembali yeeNkosi nangeziduko zakwaXhosa akanoyonwabela incwadi. Ubani angathi adinwe luthotho lomnombo oluthi lunikezwe (ubani wazala ubani ze ubani wazala ubani). Kodwa abafundi abanenjongo zokwazi banzi ngoko kusencwadini ndingathi baqhathekile ngoba umbhali uthi eseza nayo kakuhle inkcazelo yomnombo othile asuke athi, nabanye ngabanye. Oku kuphela kushiya wena mfundi uzifuna okokuba oo-abanye ngabanye ngoobani kuba iinjongo zokufunda incwadi ibukukuzuza ulwazi

hayi ushiyeke ulengalenga. Oku kuyabonisa okokuba uphando olunzulu lusadingeka encwadini.

Kwiphepha lama-65 umbhali ongu W.W.G uyatsho okuthile akakakufumani, “Kananjalo imbali yenzala kaNtinde andikayifumani ngokulandeleleneyo kakuhle”. Oku kuyabonisa okokuba umbhali akenzanga phando lwaneleyo ngoko abhala ngako. Nakwimbula- mbethe yencwadi uCala noMdledle kwiintetho zabo kuyavakala okokuba ezinye iindawo ziphosakele apha encwadini ngokubhekiselele kweminye imilibo, “...Kuthe kwaman’ ukuvakala imilomo ethi noko ezinye iindawo ziphosakele apha kuZemk’ *iinkomo* ngokubhekiselele kwimilibo yamanantsi namanantsi”. Nangona abanye ababhali encwadini bevuma ukungabinalo ulwazi kokuthile kodwa abanalo ulwazi bayamcacisela umfundi wencwadi de aneliseke.

Isihloko sencwadi “Zemk’ iinkomo Magwalandini” sidlala indima enkulu ekubakrobiseni abafundi bencwadi kokuqulathwe yincwadi malunga nokumka kwenkcubeko nobutyebi base-Afrika obuyimfuyo ngexesha kokungena kobukoloniwali. Phantsi kwesihloko, “*ISIZATHU SOKUXHELWA KWEENKOMO NGONONGQAWUSE*” esibhalwe ngu, W.W.G isihloko sencwadi sinako ukuphuhla okuthile. Umfundi xa efunda incwadi uya kuqaphela okokuba incwadi ityebile lulwazi. Isivakalisi ngasinye sencwadi simazisa kulwazi olutsha lwakaXhosa bekunokwenzeka okokuba ebangalwazi. Ngeli lixa bendiyifunda incwadi bekudingeka ndimane ndithatha ikhefu ndetyise ulwazi endilifundileyo encwadini. Ngokunokwam ndiyacinga incwadi le ayiyo incwadi enokufundwa yonke ngaxesha nye umfundi angathathi khefu. Kudingeka uthabathe ixesha uzinzise engqondweni oko uthe wakufunda. Umzekelo woko kwetyisa ndithetha ngako kungadingeka kwisahluko esilandela imbula-mbethe esinesihloko esithi, “*IHLELO LASERHABE*”. Imbali ngokwakhiwa kweenkonzo, ukufika kwabefundisi, igalelo abathi babenalo ekuhlaleni elifana nokwakha izikolo kunye neminyaka elithotho ethi inikezwe kuchazwa okokuba umfundisi ubani wabhubha nini neminyaka yeemfazwe ezakhe zehla lulwazi oluninzi olo olungenakuthatyathwa ngumfundi ngaxesha nye, ngaphandle kokuba umfundi ufunda nje engenazo iinjongo zokuzifaka engqondweni ezi ziganeko anganako ukufunda uhalala.

Ukuba umntu ufunda le ncwadi enenjongo zokwazi ngentliziyo zonke iziganeko nemilibo ebaliswayo encwadini kudingeka ukumana eyindwendwela incwadi kwakhona. Njengokuba bendisele nditshilo ngentla okokuba le yincwadi enikeza ulwazi oluninzi ngamandla andicingi

okokuba umfundi anganako ukufaka engqondweni konke okuchazwayo encwandini ngaxesha nye. Kudingeka ukumana ubuyela encwadini ukuzikhumbuza.

Ukusetyenziswa kolwimi encwadini lunika umfundi wencwadi umfanekiso ocacileyo bobomi bakudala. Incwadi isebenzisa ulwimi oluntsokothileyo ngamandla. Kubafundi bencwadi abangaqhelanga isiXhosa esintsokothileyo ubunzima bungakhona. Endikuqaphelelo ngolwimi kukuba incwadi iqale ngokuntsokotha kulwimi lwayo. Yale kwisihloko sokugqibela esithi, *“IZINTO NGEZINTO”* phantsi kwesihlokwana *“limpawu zezulu zokunced’umhambi”* ulwimi ilukhulule. Umbhali ubenawo amagama afana no-, *“barometer”*, *“(N.W clouds)”* *“28 inches”* (p.p 110). Umbhali kodwa ebephinda abuye antsokotha athethe ngoo, *“uxangxathi”* amagama angaqondakali lula intsingiselo yawo. Nombhali onguSilwangangubo naye ubenako ukulikhulula ulwimi phantsi kwesihloko, *“IINKOSI ZAKWANGQIKA”*, uthetha ngolwimi lwalemihla athi, *“Nazi ke iidate”* (p.p 104). Oku kusebenzisa kwaba babhali ulwimi lwangoku ukuba nabanye ababhali bebeqhube ngalo incwadi ngeyibenako ukukhweba wonke ubani nangona iyeyakudala, ngoba iza kuthi isebenzise ulwimi oluza kubalula kuwo wonke ubani batsho incwadi bayonwabele. Ngoku andiqondi incwadi inganabo abafundi abaninzi ngenxa yokuntsokotha kwayo.

Isihloko *“AMAQHALO AMAXHOSA”* ndisithandile ngenxa yokokuba njengombhali welwimi lwesiXhosa kwezobugcisa ndinganako ukuwasebenzisa ekwakheni awam amaqhalo nezaci ndibonakalisa ubutsha boncwadi. Ubuhle besi sahluko kukuba awuzuzi mfundiso ngamaqhalo nezaci kuphela uzuza nembali yakwaXhosa. Umzekelo, umfundi wencwadi angafumana ulwazi ngendlela kwakuphilwa ngayo mandulo nembali ngezizwe zakwaXhosa ezifana noGcaleka. Endingakuthanga kwesi sahluko kukuba kwezinye inkcazelo zamaqhalo umbhali unika imvelaphi yeqhalo kuphela ze angayiniki ingcaciso yalo.

Okuhle endithe ndakuthanda ngencwadi bubugcisa bayo bokuba iinkcazelo zemvelaphi zamaqhalo nezaci azipheleli kwisihloko samaqhalo nezaci kuphela zimana ukuvela nakwezinye izihloko. Umzekelo, kwiphepha lama-79-80 umfundi wencwadi angafumana inkcazelo ngokubela kweqhalo likaNongqawuse, *“...Kukuze kubekho iqhalo elithi umntu akuxela into esimanga kuthiwe: “Uthetha uNongqawuse”*. Naphantsi kwesihloko *“ABAMBO”* inkcazelo yemvelaphi leqhalo iyavela: *“Bebuziwe igama layo bathe yi “Mbo”*. Ubuhle balo, nokunqaba kwalo, kwaba basemaXhoseni, kuvelise iqhalo elithi, — *“Ungazilahleli imbo yakho ngoPhoyiyana....”*.

Upelo lwamagama encwadini elivele ngamandla okokuba libhudiwe kwezinye izihloko kungayinto enophazamisa umfundi ekufundeni kwakhe incwadi. Umzekelo phantsi kwesihloko, *“ISIZATHU SOKUXHELWA KWEENKOMO NGONONGQAWUSE”*, kwisihlokwana esithi, *“ENYE INKOSI”* kubhalwe kwathiwa, “aya kuthi wonke umntu” (p. p 78) endaweni yokuthi “uya kuthi wonke umntu”. Oku kubonakalisa okokuba umhleli wencwadi khange abuyele encwadini amatyeli amaninzi aqinisekise okokuba amagama apeleke ngendlela eyiyo.

Kwisahluko esilandela *“AMAQHALO AMAXHOSA”* esithi, *“UMKHONDO WAMAGQUNUKHWEBE”* phantsi kwesihlokwana, *“UKAMA KUNENE”*, ndikuthandile okuthi kuveliswe libalana eli vela kwesi sihlokwana. Nangona incwadi inefuthe lwamasiko akwaXhosa akholisa ukubhebhetha ubugqobhoka (*Christianity*) kodwa phantsi kwesi sihlokwana sibona iNkosi enguKama yakwaRharhabe ityeshela isithethe esivamileyo seeNkosi sokutshata isthembu ngenxa yokwamkela kwakhe ilizwi. Endaweni yokuba agwetywe ngesenzo sakhe njengeNkosi yakwaXhosa ekulindeleke ilandele ekhondweni lweenkosi kusuke kwadunyiswa uThixo la amkhonzayo. Umlinganiswa onguMaqoma wayexoxa ityala lakhe uvakala esithi, “Ngubani na onokuphikisana noThixo kaKama, uThixo odale bonke ubukhosi obukhoyo”, (p.p 29). Iballi likaKama lithe laza ngenye ikona eyahlukileyo kwincwadini ezise amasiko akwaXhosa.

Isihloko esilandelayo esithi, *“IMIKHWA”* sindinike umdla kakhulu. Esi sihloko sithe saza neemfundiso ngendlela ezizizo zokubulisa nemikhwa ebalulekileyo engundoqo esifanele ukuyazi kwaXhosa. Umzekelo phantsi kwesihlokwana *“Ukunyaaniseka”* kubekwa umnwe ekungaxokini. Oku kungafundisa abafundi ngendlela yokuziphatha. Esi sihloko sikwabeke umnwe kwindlela eyiyo yokubulisa esiXhoseni sisebenzisa amagama ethu esiXhosa asulungekileyo hayi awasemzini. Oku kuziswa yincwadi ngendlela yokubulisa andihambisani nako ngokupheleleyo ngoba ulwimi yinto efana nomlambo luyathsintsha. Uhlobo kwakubuliswa ngayo kudala ayiselilo uhlobo esibulisana ngayo kule mihla. Asinako ukubambelela kuhlobo lakudala lokubulisa. Amaxesha ngoku atshintshile. Sele sisebenzisa amagama afana noo, *“HI”* aphuhlisa ixesha langoku esikulo. Kwelinye icala abafundi bencwandi abasenomdla bokulondoza ulwimi lwabo lweenkobe bangasithanda esi sihloko bafunde nokuthile kuso ngenxa yokufundisa kwaso iindlela ekufanele kulondolozwa ngalo ulwimi lwethu njengesizwe sakwaXhosa.

Phantsi kwezihloko zezincoko umfundi wencwadi uya kufumanisa okokuba ababhali baneenjongo zokufundisa ngezincoko abathe bazibhala. Ekugqibeleni kwibali ngalinye umbhali uye abhale isifundo sebali. Umzekelo oku kuvela kwisahluko esilandelayo esinesihloko esithi, *“UNOKHONYA, INTO KANYANGA”* kwibalana elinesihloko esithi *“UMTYINGILI NOGONGQOLO”*, ekugqibeleni umbhali ubhalile, “Isifundo: — “Ilizwi elithambileyo libuyisa umsindo” satsho isilumko”, (p.p 34). Kanti nelinye ibali elifutshane elibhalwe ngu, *“T.U.H.T 1887”* elinesihloko esithi, *“UMFANA OVELA EBHAYI”* nangona umbhali engabhalanga ekugqibeleni ebalini okokuba isifundo kokuthile kodwa njengomfundi xa ufunda uyafumanisa okokuba imfundiso ethiwe qhushe kukubonisa ubungozi beziyobisi kulutsha likwaphuhlisa intetho yakwaXhosa ethi “umntu ngumntu ngabantu” xa ilali yonke ithi ifake isandla xa kuhamba inkwenkwana enguMagumasholo eya esikolweni bemnika amahashe okukhwela nempahla zokunxiba.

Isihloko esilandelayo encwadini esinesihloko esithi, *“UMSITHO WAMAXHOSA”* phantsi kwesihlokwana “Ukuhlolola” umfundi wencwadi angafumana umzekelo wendawo ethi ithethe ngamasiko. Esi sihloko ingasisihloko esinokonwatyelwa kakhulu ngumfundi wencwadi oneenjongo zokuqonda indlela kwakusenziwa ngayo kudala, amabakala athi athatyathwe ngumfana nentombi phambi kokuba kanti bayatshata. Ingasiso nesihloko esinokubaluncedo kumfundi oneenjongo zokulandela undalashi ngendlela ethi intombi ifunelwe ngayo umyeni namabakala umfana wayethi awathabathe xa efuna intombi.

Ndibuthandile ubugcisa bencwadi bokuba ithi isekwisihloko esijolise ekubaliseni ngembali kuqhambuke umbongo. Imibongo evelayo encwadini ithi ivele ingqonge oko kuthethwa ngako sisihloko. Umzekelo, kubongwe umlinganiswa othile ngenxa yezenzo zakhe. Oku kuyavela kwiphepha lama-55 phantsi kwesihloko esithi, *“IMFAZWE KATHUTHULA”*:

“Zithe izinto eziphethwe ngooSenzo noNgxokela, noGege, noCakana, noMagwunya, azalibeka ndlebe elo zwi zayifunza zingabanga salilinda nezwi likaNdlambe,

Undaba nduna, uGabulakhula

UNotywel’ engeva

Uhlumis’ ameva abuye amhlabe...”.

Kwelinye icala uhlobo ebendillindele iveliswe ngayo imibongo encwadini alithanga lazaliseka. Bendineengcinga zokokuba incwadi iyakubaneseshini eyodwa ejolise kwimibongo kuphela ingaxubani nemilibo. Oko mhlawumbi bekunokwenza incwadi iqaqambise ngakumbi imibongo ethe yayibandakanya ingagqunyelelwa yimilibo ze yona ifumane isihoyo esincinane.

Phantsi kwesihloko esithi *“IMBALI YAMAXHOSA”* isihlokwana esithi *“UMKHONDO WENKOSI”* kunikwa inkcazelo endiyithandileyo kakhulu enokunceda thina bafundi bencwadi ekulungiseni indlela imbali yakwaXhosa ethe yapotyakala ngayo. Kwiphepha lama-64 phantsi kwesihloko, *“IMBALI YAMAXHOSA”* umbhali ongu W.W.G uyatsho okokuba uNtu ayinguye umntu wokuqala, “Loo ndawo ibonisa ukuba uNtu lo uvela kwiintlanga ebesezikho kakade, kuseleko zingakhumbulekilyo ngenxa yokuba kudala. Ke ngoko le mbali kaNtu yathi yaphosakala ngenxa yokokuba imbali yayigcinwa ngentloko ingapbhalwa phantsi”.

Endingakuthandanga kwaphantsi kwesi sihloko sembali yamaXhosa kukungadibani ncam kolwazi. Kwiphepha lama-60 umbhali uthi UBini ongunyana kaHleke ozalwa nguNgconde wazala uJwarha. Ngeli lixa kwiphepha lama-65 bathi uNkosiyamntu wazala uJwarha. Oku kuthe kwandishiya ndibhidekile kwandibonisa nokokuba imbali yomlomo ayinakuthenjwa ncam ngenxa yokungashicilelwa kwayo phantsi.

Encwadini kukho iimpawu zocaphulo kucatshulwa amazwi ezithethi xa zithetha. Oku kundinike iingcinga zokokuba umbhali wesihloko ngasinye ngumntu lo wayekho ngeli lixa kuqhubeka oko abhala ngako. Umzekelo woko kufumaneka phantsi kwesihloko *“IMBALI YAMAXHOSA”* phantsi kwesihlokwana esithi *“INZALA KANQENO”* kucatshulwe ingxoxo, “Befikile uthe, — Makhosikazi, nalu usana lungena nina, makubekho olithabathayo kuni aluzale lubengumntwana wakhe”.

Abafundi bencwadi bangafumana uburharha encwadini phantsi kwesihloko *“ABAMBO”* kwishlokwana, *“UMLIBO KADWEBA”*. Phantsi kwesi sihlokwana iinjongo ibukukugqithisa umlibo kaDweba kodwa ndizive ndihleka xa kubalulwa okokuba, “Ngamanye amaxesha ubesithi makathwalwe ngocango xa ahambayo ukuze umhlaba angawunyatheli ngeenyawo zakhe” (p.p 100).

Endinokutywina ngalo malunga nencwadi kukuba u – *“Zemk’ iinkomo Magwalandini!”* yincwadi etyebileyo ekudluliseni imbali yakwaXhosa nasekufundiseni ngezinto ezahlukileyo

zakwaXhosa, kwaye yincwadi ethe yabonakalisa ukwahluka gqitha ngenxa yokubandakanya kwayo uhlobo lokubhala olwahlukeneyo.





blurriness gave me the idea that there is nothing good about the community. The folded paper that she is carrying in her hand in the picture also gave me the idea that there is something she has to say about her community. She has a message about it. I also liked that the body of the man in the picture is cut off. The picture managed to capture the absence of man in the community. In Motadinyane's poems as the readers we are told about how toxic men are to women in the neighbourhood, they add no value to women they are more like absent figures. For example, in the poem that I already spoke about above "*Rope sa Motswetse*" Motadinyane talks about sexism in her community.

The section of the book titled "*Stomach ulcer complications Isabella Motadinyane (1963-2003)*" that is on page 50-53 written by Ike Mboneni Mula I liked its writing style. The section is written with small letters, and I liked that because it works very well with the writer's tone of sadness and feeling of heartbreak about Motadinyane's death, "on the day i received sad news of her sudden death...i was shattered i felt stomach butterflies" (p50). I also liked the way Ike Mboneni Mula wrote some lines using various languages. To me as the reader it blended very well, and it served as a great representation of Motadinyane's writing style that uses various languages in her writing "if you argue or disagree without any reasonable point...uyadoya...whether you are white or black makhulu baas or top shayela..." (p52).

By the last section of the book titled "*Tributes for Isabella*" Ike Mboneni talks about Isabella's spirituality "with her strong spiritual belief she would say to me amongst her ancestors she is guided by three outstanding characters, a christian prophet, a sangoma." (p52). Ike Mboneni's words matches with the theme of spirituality that is present in some of Motadinyane's poems. For example, Isabella's poem titled "*Rope sa motswetse*" (p.44) that is written in Sesotho that has an English translation on the next page titled "*Thigh of the new mother*" Isabella talks about God in some of the lines saying:

|                            |                                 |
|----------------------------|---------------------------------|
| "o kope kgotso ho ramasedi | ask for peace from the almighty |
| a ho sedimosetse           | may he bless you".              |

The translated versions of the Sesotho poems they are not trying too hard to give the exact translation of a word, instead the translated Sesotho words are translated using the emotion that they carry rather than their direct meaning. For example, the word "Morena" is not

translated to the word “Lord”, instead the word is translated to the word “king” and the word “king” is a word that still carries the same emotion as “Morena”.

The poem titled “*Rope sa motswetswe*” (p.44) is also a great example that can stand as a representation of Isabella’s writing style. Isabella in her poems makes use of repetition. In most of her poems there is repetition of the same word and repetition of phrases at the beginning of each line:

|                  |                 |
|------------------|-----------------|
| “fanang beso     | give us peace   |
| fanang ka tlotla | give us respect |
| fanang ka kgotso | give of peace”. |

In a poem titled “*You pulled an elastic*” Isabella writes about sex. What I liked about this poem is that Isabella did not write about sex in an explicit manner that makes use of vulgar language. Instead in the second stanza of the poem in line 8-9 Isabella writes the sexual act using an image:

“i spread my sea wings apart  
for you to come in”.

What I did not like about the poem is that I feel like its title should have served as a starting point so that the movement of the poem does not get delayed by having the first line of the poem same as the title:

**“You pulled an elastic**

You pulled an elastic”.

In a poem that follows titled “*In a jet*” Motadinyane does the very same thing too and I feel like it delays the movement of her poems and she does it too in other poems, for example a poem titled “*Hungry violent boys crack*”:

**“Hungry violent boys crack**

Hungry violent boys crack”.

Motadinyane writes her poems using small letters but some words in her poems are written with capital letters and that is something that I fail to understand. If all other words are

written using small letters, why would she choose to write other words with capital letters? I noticed that the words Motadinyane writes with capital letters are names of characters and names of places. However, I feel like Motadinyane could have written them in small letters too because poetry is a piece of creative work it does not need to adhere to the rules of grammar. For example, in a poem titled *"In a jet"* Motadinyane writes with small letters and capital letters:

"in a jet...  
united with Joshua...  
at the Yard of Ale".

Motadinyane's poems have no full stops or commas, and they truly encourage the reader to read at a fast pace and that is something that I like. I also liked the English translations provided next to each line written in Sesotho. They make the book to be more inviting even to non-Sesotho speakers. There is no reader that is left out about the meaning of the Sesotho lines. However, the English translations I feel like they mess up with the structure of Motadinyane's initial poems that forces the reader to read at a fast-moving pace, from one line to another. The English translations delays the fast movement of the poems because as a non-Sesotho reader you must stop and read the translations provided next to each Sesotho line.

The six poems that are written in Sesotho their English translations changes the initial structure of Motadinyane's poems. The original poems of Isabella are written with short lines, and they are not divided into paragraphs. Also, although they are written in Sesotho and their meaning is not understandable, they encourage the reader to read at a fast pace but the English translated versions the lines are longer and they slower the reading pace. For example, a poem titled *"Rope sa motswetswe"/ "Thigh of the new mother"*:

|                            |   |
|----------------------------|---|
| "a jele sekaja             | in full light                                       |
| fuba di le moyeng          | chest puffed out in the air                         |
| monna qosheletsaneng...    | man run and hide (deep in the undergrowth) ....     |
| o lebitse bohale lekaoteng | pointed her sharpness at the young strong warrior". |

The list of the publications and recorded performances provided by the publisher in the publisher's note I find them helpful to the readers. They serve as a source of inspiration of doing further reading on the author's work and it makes the follow up process about Isabella's work much easier.

#### 6.4 Book Review 4

- **Isihloko:** Ndide Ndayophula
- **Umbhali:** Chuma Sogiba
- **Inani lamaphepha:** 53
- **Unyaka wokushicilelwa:** 2018
- **Udidi:** Imibongo

Incwadi kaSogiba yingqokelela yemibongo engamashumi amane anantlanu (45) enemixholo eyahlukeneyo. Incwadi yenzela thina bafundi bayo lula, kuqweqwe lwencwadi gemva sifumana ingcaciso esichazelayo imixholo eyahlukeneyo esiyifumana encwadini yombhali “Imibongo kaSogiba kule ncwadi ithetha ibalise ngeemeko ezahlukeneyo zentlalo nobomi, ukusukela kwintlalo yasemakhaya ukuya kweyedolophu. Imbongi ibhala ngosiba olubukhali noluvakala luthomalalisa kamnandi ezindlebeni zomfundi. Iyasonwabisa ngobuhle bemini novakalelo olufudumeleyo kumfana ebona intombi entle. Kanti komnye umjikelo imbongi iyasilumkisa ngengozi yobuxelelu nobuvila. Kubonakala mhlophe ukuba lo mbhali yindoda eyixabisileyo imfundo, iphakamisa amatyeli amaninzi ukubaluleka kwayo”.

Kwangasemva kuqweqwe lwencwadi isihloko sencwadi esithi “*Ndide Ndayophula*” kwisitanza sesithathu sombongo kumqolo wokugqibela, kulapho siqaqamba khona kuthi njengabafundi:

“Ngcamla ukunambitheka kolwimi

Kuba kaloku ndide ndayophula”.

Isihloko sencwadi andisibonanga siyidlala indima ekuphuhliseni oko kuqulethwe yincwadi. Xa umfundi unokuthi afunde okanye ave ngesihloko sencwadi kaSogiba abe kanti khange ayifunde inkcazelo engemva kuqweqwe lwencwadi echaza malunga nencwadi okanye engekayikrwaquli ngaphakathi; ndiyacinga akasokuze acingele okokuba imibongi esencwadini ijonge imiba engqonge intlalo nobomi. Nam phambi kokuba ndifunde imibongo engaphakathi encwadini kunye nenkcazelo engemva kuqweqwe lwencwadi khange ndicingele incwadi ingabandakanya imibongo engothando kunye nemiba ejonge intlalo nobomi. Ndithe ndakufunda isihloko sencwadi ndasuka ndanomdla ndazifuna okokuba inokuba yintoni le umbhali ade wayophula; kodwa ke ngesihloko sencwadi yakhe ndiyacinga umbhali uqaqambisa ukude abenako kwakhe ukuzisa imibongo yakhe ekuhlaleni emva kwexehsa elide

eyipheka. Ngesihloko sencwadi bendilindele kanti umbhali ukrobisa abafundi okufumbethwe yincwadi ngaphakathi.

Emveni kwesinikezelo nombulelo, phambi kwesiqulatho semibongo yencwadi umbhali ubhale umbongwana onemigcana elithoba ehlulwe ngezitanza ezintathu endithe ndawuthanda kakhulu. Kulo mbongo umbhali uthe wabonakalisa ubugcisa ngokuthi azazise ngobuchule esebenzisa imfanozandi edala isingqisho embongweni wakhe ekwasebenzisa nesibaxo:

“ndingu chum’ ochukumisa ubuchopho ngokucinga...

ndiyatyibilika kuqhekeke umqondo wengqondo”.

Lo mbongo ndithe ndawucaphula ngentla ukwaphuhlisa isimbo sokubhala sikaSogiba kwemninye yemibongo yakhe. Umbongo wokuqala ngqa encwadini onesihloko esithi, *“Ndikhonjiswe wena ntombazana”* ngumbongo nawo endinokuthi ngumzekelo omhle onokumela eminye imibongo ekuqaqambiseni isimbo sokubhala sikaChuma Sogiba esiyilirikhi. Imibongo yombhali mifutshane, ubhala ngokwembono zomntu wokuqala (usebenzisa u- “Ndi”) kwaye imibongo yakhe inengoma. Imifutshane nje imibongo yombhali ikakhulu ndithanda ukungabinayo kwayo iziphumlisi. Oko kuye kubangele imibongo kaSogiba ibaleke kwaye ifundeke lula. Emibongweni yakhe umbhali ukwathanda ukusebenzisa imvano siqalo, imfano zandi edala isingqisho, imvano siphelo edala isingqisho okanye ubungoma kwaye isihloko sombongo ukholisa ukusiveza kwimigca yokugqibela yemibongo yakhe. Umzekelo kumbongo onesihloko esithi *“Ndikhonjiswe wena ntombazana”* umbhali ugqibalisa ngomgca okwaveza isihloko *“Ndithi ndikhonjiswe wena ntombazana”* (p.p 9).Umqolo wesithathu nowesine walo mbongo yimigca endinokuzekelisa ngayo ekuvezeni ismbo sombhali esisebenzisa imfano zandi edala isingqisho.

“Yaphixan’ imilenze ndixakwe kukuma

Yaminxan’ ingqondo ixakwe kukucinga”.

Kumgca weshumi elinambini (12) wombongo isimbo sokubhala sikaSogiba sokusebenzisa imvano siqalo nemvano siphelo edala isingqisho okanye ubungoma kuyavela:

“Andikhubeki, andigileki, andibetheki...”.

Kwakulo mbongo uSogiba ekuwubhaleni kwakhe uthe walibazisa ukuqhubela phambili kwawo. Ngesihloko umbongo sele eqalile, umgca wokuqala kulo umbongo ebenako ukuxhaxwa ungabikho ngoba uSogiba uphinda oko sele kubhalwe kwisihloko:

**“Ndikhonjiswe wena ntombazana**

Ndikhonjiswe wena ntombazana”.

Neminye imibongo yombhali emibini enesihloko esithi “Isiba lokubhala” (p.p 29) kunye nombongo onesihloko esithi “Ndiphantse ndayiphosa” (p.p 32) umbhali uphinda ebukusele ekubhale kwisihloko kumqolo wokuqala.

Umbongo olandelayo onesihloko esithi “*Ndikuthandle*” nawo ikwangumbongo osisipili sesimbo sokubhala sikaSogiba. Kulo mbongo singabafundi sifumana isimbo sokubhala sikaSogiba esahlukileyo kunezo ndisele ndizikhankanyile kumbongo ongentla. Kumgca wesibini nowesithathu kulo mbongo umbhali usebenzisa uphindaphindo lwesifanokuthi:

“Undothusile

Undimangalisile”.

Umbongo onesihloko esithi “*Ubuhle bentombi*” andikuthandanga ukubhalwa kwawo ngentla okokuba umbongo ubhekisele kubani, “Ubhekisele kuVuyokazai Bomela” (p.p 11). Oku kuthe kwandikhupha umdla embongweni nangona ibingowona mbongo undithe wanditsala umdla njengamfundi wencwadi okwayintombazana. Ukubhalwa okokuba umbongo ubhekisele kubani kundenze ndaziva ndingaphandle andaqhagamshelana nawo umbongo kuba ndisazi okokuba uSogiba akabhekiselelanga kuwo wonke amantombazana azakube efunda lo mbongo, ubhekiselele kwintokazi enye la abhala ngayo. Mhlawumbi ngekukuhle ukuba umbhali ngebhale ukuba ubhekisele kubani lo mbongo kwisinikezelo athi umfundi efikilela kuwo abe kanti mhlawumbi sele elibele okokuba umbongo awuzi kuthi bafundi bencwadi. Okanye oko akubhale ngezantsi kombongo okanye mhlawumbi oko akubhale kwiphepha elisekugqibeleni encwadini elinokunika inkcazelo ngemibongo ukuze abafundi bazi ngoko mva. Nombongo olandelayo onesihloko esithi, “*Ndivuyile intliziyo yaxola*” okwiphepha le-12 andikuthandanga ukulandelisa kombhali emveni kwesihloko ngenkcazelo okokuba umbongo ubhekiselele kubani, “Umbongo kaYolanda umntwana kaMama”. Oku ndithe ndakubona kulibazisa ekufundeni kwam undoqo wombongo. Ndiyacinga oko ngethe wakubhala

ngezantsi ze njangamfundi wencwadi ndifumanise ngoko sele ndigqibile ukuwufunda umbongo.

Umbongo onesihloko esithi, *“Umqwashu kwanondyola”* ngumbongo ondifundiseleyo njengombhali welwimi wesiXhosa okokuba ulwimi athi umbhali alusebenzise luxhomekeka ngamandla kumxholo abhala ngawo. Umzekelo amagama athe uSogiba wawasebenzisa kwisitanza sesibini kumqolo wokuqala afana no- *“amadlala”, “entung”* (p.p38) nakwisitanza sokugqibela kumqolo wesibini *“kweyeSilimela”* ngamagama antsokothileyo athi adinge mna mfundi wencwadi okokuba ndithyile isichazi magama xa ndifunda umbongo, kodwa ngenxa yokufaneleka kwawo kumba abhala ngawo andinako ukuwagatya, ndilindele umbhali asebenzise ulwimi lwale mihla elizoba uhlobo esithetha ngalo. Kulo mbongo umbhali usizisela okanye usizobela ubomi besazilalini kungako ndicinga nolwimi oluntsokothileyo alusebenzisayo umbhalindimbona enemvume yokulisebenzisa, nangona singababhali abancinane bale mihla kulindeleke sibhale sisebenzisa ulwimi olulula oluzoba ixesha lale mihla siphila kulo.

Umbongo onesihloko esithi, *“Ndiphantse ndayiphosa”* ngoyena mbongo uthe waqaqamba kum kweminye imibongo encwadini ngenxa yokubhala kombhali ngomba othe wandichukumisa ongumbulalazwe jikelele. Ndiyacinga nokokuba abafundi bencwadi bangathi bazive besondele kuwo lo mbongo. Umbhali uthe wabhala ngobungozi botywala ethetha ngendlela athe wazikhwebula ngayo kubo sele ejika engcwabeni:

“Ubabhexeshile nabantu,  
Ngesabhokhwe sakh’ esikrakra  
Suka bayimiqod’ emangcwabeni...

Ndisindile mna sendiqubhile  
Ndadada ndadadel’ enyeleni  
Ndaphuma kuwo loo manzi ndomile  
Ndafunga ndathi soze ndiphinde ndiwasele”

Imibongo kaSogiba nangona ingasebenzisi ziphumlisi kodwa kumbongo onesihloko esithi, *“Ubungozi bokuzonzakalisa”* (p.p 34) kwisitanza sokugqibela sombongo kumqolo wesithathu othi, *“Zinza thozama nyamezela zola”* ndithe xa ndiwufunda lo mgca ndava ngokungathi

bekufanele ukubandakanywa iziphumlisi okanye izingxi phakathi kwamabinzana. Mhlawumbi kubhalwe: “Zinza, thozama, nyamezela, zola” okanye “Zinza. Thozama. Nyamezela. Zola” ukuze oku akucebisayo umbhali umfundi wencwadi abenako ukukufunda ngohlobo lokuba oko akutshoyo umbhali kubenako ukuzinza ngaphakathi kuye akucingisise angakufundi nje agqithe ngokukhawulezileyo. Kum lamgca ndiwuve unamandla kakhulu kangakokuba ndawubona kukuhle umfundi wencwadi angawufundi ngokukhawuleza.

Kumbongo onesihloko esithi *“Ihambil’ indoda enkulu”* (p.p 40) kwisitanza sokuqala kumqolo wesithathu othi, “Suka baxel’ iinkomo zigxwal’ emswaneni” umbhali ngezamile ukusebenzisa ntetho yimbi okanye azakhele elakhe iqhalo/ isaci ukubonakalisa ubutsha boncwadi nobugcisa.

Umbongo onesihloko esithi *“Iinyawo ezingxamileyo zingakonzakalisa”* ngumbongo omde endithe ndakuwufunda ndava ngokungathi ebenako ukuqhawulwa kabini ze ukhawuleze ufike apho umbhali anqwenela ukuya khona ngombongo wakhe. Umzekelo, imiqolo emine yokuqala embongweni kwisitanza sokuqala sisitanga mhlawumbi umbhali ebenokusichwetha ecaleni kulo umbongo akhe mbongo wumbi ngaso esi sitanga:

“Samyala ngazwi linye

Suka wasiyuca

Sathi simcebisa

Suka wasicalula

Savakala isikhalo esikrakra:

Ukungxama kona kundithwaxile

Ukungeva kundixangxathile

Xa bendicothile ngendisindile

Konakele umphefuml’ udandathekile

Ukungxama kambe kundonzakalisile

Ndibe yimpumputhela ndaxel’ imfama ingaboni

Ngokungxama ndikhubekile ndangena

Kuyo yona ingozi”.

Okokugqibela umbongo onesihloko esithi, “Ukukhuliswa ngumakhulu” ngumbongo endithe ndawuthanda ongumzekelo omhle wodidi lombongo weMasikhanda kodwa ndiwuwe ngokungathi nakuwo umbhali uthe wawutsala ngokubandakanya kwakhe iziduko zikamakhulu wakhe ekuqaleni “UMakhulu yintombi yakwaGogo eMazotsheni...Yena uzala umama...” (p.p 42). Ngendiwonwabele kwaye ndiwuthande nangakumbi lo mbongo ukuba umbhali angakhange abandakanye izibongo ekuqaleni ukuze akhawuleze afike kowona mhluzi wombongo.

Imibongo kaSogiba ibonakalisa umehluko ngokwefomu yayo, kodwa ikakhulu ithanda ukubonakalisa ifomu ye-*quarten*. Nokuba mide imibongo yombhali kangakanani kodwa ukholisa ukuyohula ibeyimiqolo emine okanye esibhozo kwisitanza ngasinye. Oyena mbongo umde encwadini ngumbongo onesihloko esithi “*Isihlupheki sehlwempu*” umbhali uthe wawahlula ngokwemiqolo esibhozo nesithandathu. Owona mbongo wombhali umfitshane yisesithethi, unemiqolo esithandathu kuphela.

Imibongo encwadini ayicwangcisanga ngokweeseshini. Apho imibongo enemixholo eyeleleneyo yahlulwe yodwa okanye ilandelelana, kodwa eminye imibongo encwadini enemixholo eyeleleneyo ithe yalandelelaniswa. Ndiyacinga ngekubekuhle ukuba incwadi ngeyithe yabambeleva koko ukuze abafundi bayo babenako ukuyiphawula lula imixholo eyahlukeneyo eza nencwadi. Umzekelo, le mibongo ilandelayo ngekukuhle ukuba ngeyithe yalandelaliswa encwadini kuba kuyo yomithandathu le mibongo umbhali uthetha ngezinto eziyeleleneyo ezijonge ikhaya: “*Umqwashu kwaNondyola*” (p.p 38), “*Umthi olinywe ekhaya*” (p.p 30) “*UTshisa*” (p.p 36), “*Igadi yasekhaya*” (p.p 47), “*Inkab’ enkomo yasekhaya*” (p,p 35) kunye nombongo onesihloko esithi, “*Inja yasekhaya*” (p.p 39). Ndithe ndakuthanda kona ukulandelelwaniswa kwemibongo enesihloko esithi, “*Umbhali ngosiba*” okwiphepha lama-28 nombongo onesihloko esithi, “*Usiba lokubhala*” okwiphepha lama-29 kuba kuyo yomibini le mibongo umbhali uthetha ngento efanayo (usiba lokubhala).

## 7. Reflections on post-reader report

The reader commented regarding the length of the lines of my poems that the reader believes could get some spunk if the lines were to be shortened to make the poems into one or two stanza poems. Many of my poems the reader mentioned that there is that lack of briefness and shortness and suggested that I make use of elliptical writing. The readers report pointed out things that I knew that my writing needed to improve on. But I always found them as challenging. My writing always leads me into writing lengthy sentences. In some cases, it lacks conciseness and sometimes when I attempt elliptical writing, I fail to be clear in my writing. However, in my editing process for my final thesis I attempted elliptical writing and I believe that it went well in some poems. For example, a poem titled "Flee" that I wrote using elliptical construction it got approved by my supervisor. Before the editing process and report from the reader the poem had longer lines caused by too much elaboration upon images:

### "FLEE

I can still feel your eyes  
tapping me on my shoulder  
Your smile beckoning me under your bed sheets  
Your blue jeans against my white dress".

After the editing process I managed to cut it down into fewer words that are concise:

### "FLEE

Your eyes  
tapping me  
  
Your smile  
beckoning me  
  
Your bed sheets  
pulling me  
  
Your blue jeans  
My white dress".

During my writing process one of my deliberate actions was writing my poems in the simplest form ever. Also, in my titles I brought in the lightness with the intention of making my work understandable to all community of readers. However, after the reader mentioned that the slightness obstructs the release and thought in the poems and what I needed is a much more rigorous, questioning self-consciousness. In poems where I had strength, I changed some of the titles of my poems. For example, a Xhosa poem that I wrote had a lengthy title that is laborious and more like a paraphrase of the poem. I changed the title from being laborious “*Yintsimbi yokuqala ngentseni*” to being quicker and shorter “*Ngentseni*”. And that resulted in not delaying the poem in moving into its jump.

Also, some of my poems had words that did not engage much of the emotions of the readers. For example, before the editing process the poem I mentioned in the above paragraph “*Ngentseni*” lacked energy and emotion in order to make the readers feel something and it had longer lines caused by too much elaboration upon images:

“3.

umphefumlo undosula iinyembezi  
uyandikhweba esolatha umnxeba  
imiyalezo ingqengqile iyalandelelana  
  
iingcinga ziyandibuza  
ayisindwa intliziyo  
kukusingatha amantombi aliwaka”.

After the editing process I managed to shorten my lines and absorb them into one another. I selected representative words, phrases, and images that I had to reconsider, or rearrange, or cut out:

“3.

ithemba lindosula iinyembezi  
ubomi bundigeca iintupha  
iingcinga zam ziyangcucalaza  
intliziyo isingathe ilishwa”.

In improving my work in most of my poems where I found myself capable to rectify my errors, I shortened the lines. Also, I worked on the use of images in my poems that the reader noticed as “unnecessarily extended”. And that is one thing that I noticed that it caused some of my poems to lose its power and energy. The images depended on the following lines, making each line a sentence with a dull image broken up into a stanza. The commentary from the reader about my word choice it is something that I would say I improved on the most. I noticed that it contributed the most in making my poems flat. Words that I noticed caused deflation in my writing I substituted them with phrases that engage the emotions of the readers so that they may feel something.

## BIBLIOGRAPHY

- Bernheimer, Kate. “Fairy Tale is Form; Form is Fairy Tale”. Accessed online: <http://www.katebernheimer.com/images/Fairy%20Tale%20is%20Form.pdf>. 2010
- Berry, R.M. “Introduction: Writing in the Present” in *Forms at War: FC2 1999-2009*. R.M. Berry, ed. Fiction Collective Two, 2009.
- Busuku, Sindiswa Mathese. “Loud and Yellow Laughter”. Botsotso Publishing, 2016.
- Berold, Robert, ed. “*It all begins : Poems from postliberation South Africa*” edited by Robert Berold. University Of KwaZulu-Natal Press, 2002.
- Bici, M.G. *Izapholo*. Educum Publishers, 1997.
- Buzani, Mangaliso. *a naked bone*. Deep South, 2019.
- Buzani, Mangaliso Welcome. *Ndisabhla imibongo*. Imbizo Arts of South Africa, 2019.
- Césaire, Aimé. “Poetry and Knowledge” in *Lyric and Dramatic Poetry, 1946–82*. Trans. Clayton Eshleman and Annette Smith. University Press of Virginia, 1990.
- Couzens, Tim, and Essop Patel, *The Return of the Amasi Bird: Black South African Poetry 1891-1981*. Ravan, 1985.
- *Iceberg Slim: Portrait of a Pimp*. Directed by Jorge Hinojosa. Performed by Iceberg Slim. 2012.
- Jensma, Wopko Pieter. *Sing for our execution*. OPHIR/RAVAN, Distributed by Sprocas Publications, 1973.
- Kraus, Chris. “Hunger-Technology-Emotion” in *Biting the Error: Writers Explore Narrative*. Gail Scott, et al. eds. Coach House Books, 2004.
- Khlebnikov, Velimir. “On Poetry” in *The King of Time: Poems, Fictions, Visions of the Future*. Harvard /University Press, 1985.
- Lorca, Federico García. “Theory and Function of the Duende”. Accessed online: <https://www.poetryintranslation.com/PITBR/Spanish/LorcaDuende.php>, 2007
- Liyong, Taban la. *Fixions and other stories*. African writers series, 69, 1969.
- Machado, Antonio. “Excerpt from ‘Notes on poetry’” in *The Poet’s Work: 29 Poets on the Origins and Practice of their Art*. Reginald Gibbons, ed. University of Chicago Press, 1979.
- Magona, Sindiwe. *Kubantwana Babantwana Bam*. David Philip Publishers, 1995.
- Masola, Athambile. *Ilifa*. Uhlanga, 2021.
- Matlou, Joel. “Life at Home and other stories”. COSAW (Congress of South African Writers), 1991.

- Mathese, Busuku Sindiswa. *Loud and Yellow Laughter*. Botsotso Publishing, 2016.
- Miaojin, Qiu. *Last Words From Montmatre*. Translated by Ari Larissa Heinrich. The New York Review of Books, 2014.
- Motadinyane, Isabella. “*Complete Poems*”. Botsotso Publishing, 2020.
- Ngamlana, Chwayita. *If I Stay Right Here*. Jacana Media, 2018.
- Ngatsho, Vangile. *red cotton*. Impepho Press, 2018.
- Ndebele, Njabulo S. “The Rediscovery of the Ordinary: Some New South African Writing” in Njabulo S. Ndebele, *Rediscovery of the Ordinary: Essays on South African Literature and Culture*. University of KwaZulu-Natal Press, 2006.
- Nolutshungu, Simphiwe. *Iingcango zentliziyo*. imbizo Arts of South Africa, 2015.
- Nyezwa, Mxolisi. Extract from *I Heard Rhythms* – Unpublished MACW dissertation, 2015.
- Opland, Jeff, ed. *The Nation’s Bounty: The Xhosa Poetry of Nontsizi Mgqwetho*. Translated by Jeff Opland. Wits University Press, 2007.
- Opland, Jeff, Wandile Kuse, and Pamela Maseko, *Isizwe esinembali: Xhosa Histories and Poetry (1873-1888)*. Translated by Jeff Opland, Wandile Kuse, & Pamela Maseko. University of KwaZulu-Natal Press; Bilingual edition, 2015.
- Pierce, Cameron, and Michael J. Seidlinger, *40 Likely to Die Before 40: An Introduction to Alt Lit*. Paperback, 2014.
- Rich, Adrienne. “Someone is writing a poem”. Accessed online: <https://www.poetryfoundation.org/articles/69530/someone-is-writing-a-poem>
- Roy, Camille. “Experimentalism” in *Biting the Error: Writers Explore Narrative*. Gail Scott, et al. eds. Coach House Books, 2004.
- Roggenbuck, Steve, E.E Scott, and Rachel Younghans, *The Yolo Pages*. Boost Houuse, 2014.
- Rubusana, Walter.B. “Zemnk’ iinkomo Magwalandini”.
- Saramago, Jose. *The Gospel According to Jesus Christ*. Harvill paperbacks, 1999.
- Simon, Lewis, Kobus Moolman, and Blake Taylor, *Illuminations: An International Magazine of Contemporary Writing, #32 Special South African Issue*. 2017.
- Sogiba, Chuma. *Ndide Ndayophula*. Pory Elizabeth: Imbizo Arts of South Africa, 2018.
- Saramago, Jose. *The Gospel According to Jesus Christ*. Harvill paperbacks, 1999.
- Simon, Lewis, Kobus Moolman, and Blake Taylor, *Illuminations: An International Magazine of Contemporary Writing, #32 Special South African Issue*. 2017..

- Sprengnether, Madelon. *Great River Road: Memoir and Memory*. New Rivers Press, 2015.
- Seibles, Tim. “Desperate & Beautiful Noise” in *Of Color: Poets’ Ways of Making: An Anthology of Essays on Transformative Poetics*. Amanda Galvan Huynh and Luisa A. Ingloria, eds. The Operating System, 2019.
- Sogiba, Chuma. “Ndide Ndayophula”. Imbizo Arts of South Africa, 2018.
- Zhuwao, Phillip. “Interviewed by Alan Finlay” in *South African Poets on Poetry: Interviews from New Coin, 1992-2001*. Robert Berold, ed. Gecko Poetry, 2003.
- Ziegler, Alan, ed. *Short: An International Anthology of Five Centuries of Short-Short Stories, Prose Poems, Brief Essays, and Other Short Prose Forms*. Paperback, 2014.